umsebenzi omkhulu	huge job	kanjalo	as well
umsebenzi onzima	a hard job	-phumelela	succeed, manage
ndigqibile	I have finished		

- (a) **Who** are talking to each other?
 (b) **What** are they talking about?
 (c) **Where** are they talking?

5 Uyithanda njani ikofu yakho?

How do you like your coffee?

In this Unit you will learn how to:

- apologise
- say you are thirsty / hungry
- ask guests how they take their coffee
- offer refreshments
- accept and decline
- express appreciation
- remark on a change in the weather



Incoko



Jenny and Thandi arrive with refreshments.

- UPeter Ekugqibeleni. Masiqabuleni unxano!
 UJenny Uxolo ngokunilindisa ixesha elide. Besincokola! Ndiqini-sekile ukuba ninxaniwe.
- UPeter Ewe, sinxanwe kakhulu! Silambile kananjalo.
 UThemba Hayi, kulungile, nathi besincokola!
 UJenny Thandi, uyithanda njani ikofu yakho? Ufuna ubisi neswekile?
 UThandi Ubisi *qha*, enkosi sisi.
 UJenny Wena, Themba ufuna ikofu enobisi?
 UThemba Ewe, enkosi neetispuni ezimbini zeswekile.
 UJenny Nantsi iswekile. Zincede.
 UPeter Kunjani ngekeyiki neesengwitshi, Thandi?
 UThandi Enkosi Peter. Ndingafumana isilayi esincinci sekeyiki? Ijongeka intle!
- UPeter Inene, innandi kakhulu. Nasi isilayi.
 UThandi Enkosi. Mmm! inencasa le keyiki. Jenny, ndingafumana iresiphi?
 UJenny Ngokuqinisekileyo, sisi. Undikhumbuze. Themba, ndingakupha isilayi sekeyiki, nawe?

- UThemba Enkosi, Jenny. Mna, ndizithanda kakhulu izinto ezimnandi!
 UJenny Peter, nceda ugqithisele uThemba ikeyiki ngoku ndigalela ikofu yakho.
 UPeter Kulungile. Thandi, kunjani ngenye ikomityi yekofu?
 UThandi Hayi enkosi. Ikomityi enye yekofu yanele kum!
 UPeter Yho! ilanga lithe *shwaka*. Kuyaphola ngoku. Sifanele ukungena ngaphakathi?
 UJenny Ewe, ngesaquphe kuyabanda. Mna, ndiyagodola. Nina?
 UThandi Ewe, kancinci.
 UJenny Kulungile, masingeneni! Peter, nceda uvale ucango!

After coffee Thandi reminds Jenny about the recipe.

- UThandi Jenny, ungalibali ukundinika iresiphi yekeyiki.
 UJenny Andilibalanga, sisi. Nantsi.

Ukuba ukhetha i chocolate icing, unganyibilikisa icephe lecocoa powder kwicephe lamanzi abilayo, uqhuhhisise kwi-icing.

Isigama

ekugqibeleni	at last	imnandi	it's nice
-qabula	quench	nasi (isilayi)	here it is
unxano	thirst	inencasa	it's delicious
-lindisa	cause to wait	iresiphi	recipe
ixesha elide	a long time	ngokuqinisekileyo	certainly
besincokola	we were chatting	-khumbuza	remind
-qinisekile	(be) certain / sure	-pha	give
-nxaniwe	thirsty	isilayi sekeyiki	a slice of cake
-nxanwe kakhulu	very thirsty	izinto ezimnandi	sweet things
-lambile	hungry	-gqithisela	pass to someone
kananjalo	also	-galela	put in, pour
ubisi	milk	enye ikomityi	another cup
iswekile	sugar	yekofu	of coffee
<i>qha</i>	<i>only</i>	ikomityi enye	one cup
enobisi	which has milk	yanele kum	is enough for me
neetispuni ezimbini	and 2 teaspoons	ilanga lithe <i>shwaka</i>	the sun's disappeared
zeswekile	of sugar	kuyaphola	it's getting cool
zincede	help yourself	-fanele	ought
ikeyiki	cake	kuyabanda	it's cold
iisengwitshi	sandwiches	ngesaquphe	suddenly
-fumana	get, obtain	-godola	(be) cold (humans)
isilayi esincinci	a small slice	-vala	close
ijongcka intle	it looks lovely	ucango	door
inene	indeed	-nika	give

Ikeyiki enye eneencasa

EZININZI

IZITHAKO:

4 amaqanda
 310ml (1 1/4 yekomityi) yecaster sugar
 500ml (2 ikomityi) yeSNOWFLAKE
 Cake Flour
 15ml (3 iitispuni) yebaking-powder
 250ml (ikomityi) yobisi
 90g yemagarini OKANYE ibhotolo
 7ml (1 1/2 yetispuni) yevanilla essence

INDELELA YOKWENZA:

lanti yenze shushu kwangaphambili ifike kwi-180°C. Qhuqha amaqanda neswekile ndawonye de aqine abe nombala olubhelu. Sefa **isNOWFLAKE Cake Flour** ndawonye nebaking powder, uxube kumxube weqanda. Yenza shushu ibisi nemagarini ndawonye kodwa ungalubilisi. Umxube wobisi nevanilla essence wuzamisele entlameni, galela ngecephe kwiitin zekeyiki ezingqukuva neziyi-23cm, bhaka ama-25 ukuya kuma-30 emizuzu.

I-icing Engundoqo

Qhuqha i-500g (ipakeithi) yeicing sugar ne-250g yemagarini okanye ibhotolo ethambileyo de ibe khaphukhaphu. Yisebenzise phakathi koomaleko nakumphezulu wekeyiki.

icephe (ama-)	spoon	uxube kumxube	fold into egg
-qhuqhisisa	beat well	weqanda	mixture
izithako	ingredients	ungalubilisi	you shouldn't boil it
amaqanda	eggs	wuzamisele	stir it into the batter
indlela yokwenza	method (lit. way of making / doing)	entlameni	
i-onti	oven	ezingqukuva	which are round
yenze	make it	i-icing engundoqo	basic icing
shushu	hot	ethambileyo	which is soft
kwangaphambili	pre-heat to	khaphukhaphu	light and fluffy
ifike kwi-180°C	180°C	phakathi	yisebenzise use it
qhuqha ndawonye	beat together	koomaleko	between layers
de aqine abe	until thick and	nakumphezulu	and on top
nombala olubhelu	yellow in colour		

Try to memorise

Uxolo ngokunilindisa ixesha elide	Sorry for keeping you waiting such a long time
Zincede!	Help yourself!
Ikomityi enye yekofu yanele kum!	One cup of coffee is enough for me!
Ilanga lithe shwaka!	The sun has disappeared!
Ungalibali!	Don't forget!
Andilibalanga!	I haven't forgotten!

How to ...**Apologise**

Uxolo! (ngokukulindisa ixesha elide)

Uxolo! (ngokunilindisa ixesha elide)

Say you are thirsty / hungry

Ndinxaniwe. *Ndinxanwe* kakhulu.

Ndilambile. *Ndilambe* kakhulu.

Ask how someone takes their coffee / tea

Uyithanda njani ikofu / iti yakho?

Ufuna ubisi neswekile ekofini / etini?

Ufuna ikofu enobisi?

Ufuna ikofu eneswekile?

Offer refreshments

Kunjani ngekofu / ngeti?

Kunjani ngenye ikomityi yekofu / yeti?

Kunjani ngokusela into ebandayo?

Kunjani ngewayini? (wine)

Kunjani ngotywala? (beer / alcohol)

Kunjani ngekeyiki?

Kunjani ngeesengwitshi?

Zincede!

Ndingakupha isilayi sekeyiki?

Ndingakupha isengwitshi?

→ See Cultural background.

Accept and decline

Ewe, enkosi.

Hayi, enkosi.

Ndingafumana isilayi esincinci qha?

Ikomityi enye yekofu yanele kum enkosi.

Express appreciation

Kumnandi!

Inencasa gqitha!

Imnandi kakhulu!

Ijongeka intle le keyiki!

Remark on a change in the weather

Linjani izulu? / Injani imozulu? (lit. **How** is the weather?)

Ingathi ilanga lithe shwaka.

Ilanga litshonile (the sun has gone down).

Liyaphola ngoku.

Kuyabanda gesaquphe.

Ideophones (Izifanekisozwi)

An **ideophone** is a part of speech which is a characteristic and distinctive feature of Xhosa. You have already come across two examples in this book: 'qha' and 'shwaka'.

Ideophones are often onomatopoeic, i.e. they suggest the action by their sound, e.g. 'dyumpu', similar to the English 'plop', but they mostly describe manner and are used where English uses adverbs, e.g.:

Hamba ngqol!

Go straight along.

Ideophones are often introduced by 'ukuthi' which indicates the tense, mood, person, and class, but can also be used with other verbs, e.g.:

Siphile qete!

We are **completely well.**

However, because **ideophones** are interjectional in nature, they are often more effective when standing alone, e.g.:

Nkqi ivili!

The wheel is *stuck fast!*

Ideophones are also used to emphasise the intensity of some colours:

Le ntyatyambo ibomvu krwe(e).	This flower is <i>blood red</i> .
Imithi iluhlaza yakal	The trees are <i>grass green</i> .
linwele zakhe zimnyama khaca (thsu)!	Her hair is <i>pitch black</i> .
linwele zakhe zimhlophe qhwal	Her hair is <i>snow white</i> .

→ See **Unit 14.6**.

Cultural background

Some traditional brews

Umqombothi: An alcoholic drink made from maize porridge and sprouts which is left until it ferments.

Amarhewu: Non-alcoholic maize meal liquid. A small amount is mixed with flour and sugar (optional). It is then put into the main porridge container until ready.

Ublayi: Maize porridge made in a three-legged pot. It is cooked until the bottom of the pot is scalded. This scalded part is then scraped off and mixed with porridge and allowed to ferment.

How it works

1 More object concords

In English, the pronouns 'him' and 'her' are the same irrespective of whether you are referring to a student, lawyer or engineer, etc. This is not so in Xhosa where 'him' and 'her' are represented by different forms which change according to the *noun* to which they refer. These are known as **object concords** and are derived from the noun prefixes:

Jenny teaches *him/her* (the student). UJenny uyamfundisa (*umfundi*).

She teaches *him/her* (the lawyer). Uyalifundisa (*igqwetha*).

She teaches *him/her* (the engineer). Uyayifundisa (*injini*).

The plural form 'them' also has different forms in Xhosa:

She teaches *them* (workers). Uyabafundisa (*abasebenzi*).

She teaches *them* (doctors). Uyabafundisa (*oogqirha*).

She teaches *them* (lawyers). Uyawafundisa (*amagqwetha*).

She teaches *them* (engineers). Uyazifundisa (*injini*).

Similarly, there are several Xhosa equivalents for the English pronoun 'it' and its plural 'them', which also depend on the noun referred to:

I ask for <i>it</i> (work).	Ndiyawucela (<i>umsebenzi</i>).
I like <i>them</i> (illustrations).	Ndiyayithanda (<i>imizobo</i>).
I like <i>it</i> (the name).	Ndiyaliithanda (<i>igama</i>).
I like <i>them</i> (the names).	Ndiyawathanda (<i>amagama</i>).
I like <i>it</i> (the Xhosa language).	Ndiyasithanda (<i>isiXhosa</i>).
How do you like <i>it</i> (coffee)?	Uyithanda njani (<i>ikofu</i>)?
How do you like <i>them</i> (sandwiches)?	Uzithanda njani (<i>iisengwitshi</i>)?
Don't you like <i>it</i> (the milk)?	Akuluhandi (<i>ubisi</i>)?
I don't like <i>it</i> (winter).	Andibuthandi (<i>ubusika</i>).
I like <i>it</i> (travelling).	Ndiyakuithanda (<i>ukuhamba</i>).

From the 'at a glance' table you will see that the **object concords** have the same form as the subject concords except where the subject concord is a vowel only. In these cases the subject concord incorporates a consonant to form the **object concord**. Do you remember why? (See **Unit 2.6**):

Subject concords

Object concords at a glance

ndi-	I	-ndi-	me
si-	we	-si-	us
ù-	you (s.)	-ku-	you (s.)
ni-	you (pl.)	-ni-	you (pl.)
ú-	he / she	-m-	him / her
ba-	they	-ba-	them
u-	it	-wu-	it
ì-	they	-yi-	them
li-	it / he / she	-li-	it / him / her
ǀ-	it	-wa-	them
si-	it	-si-	them
zi-	them	-zi-	them
ì-	it / he / she	-yi-	it / him / her
zi-	them	-zi-	them
lu-	it	-lu-	it
bu-	it	-bu-	it
ku-	it	-ku-	it

2 Possessives

In English, possessive relationship can be expressed by 's' or 'of', e.g. 'the boy's name' or 'the name of the boy'.

In Xhosa, only the 'of' construction exists. The two nouns ('name' and 'boy') are linked by a possessive concord which is characterised by the possessive '-a'.

This link (representing 'of') between the two nouns changes according to the prefix of the first noun (possessee) and influences the prefix of the second noun (possessor) resulting in a sound change:

<i>umsebenzi wa-</i>	+ <i>inkampani</i>	> <i>wenkampani</i> (employee of a company)
<i>usomashini wa-</i>	+ <i>inkampani</i>	> <i>wenkampani</i> (businessman of a company)
<i>abasebenzi ba-</i>	+ <i>inkampani</i>	> <i>beenkampani*</i> (staff of a company)
<i>oosomashini ba-</i>	+ <i>inkampani</i>	> <i>beenkampani*</i> (businessmen of a company)
<i>unxube wa-</i>	+ <i>iqanda</i>	> <i>weqanda</i> (mixture of egg)
<i>imizobo ya-</i>	+ <i>abantwana</i>	> <i>yabantwana</i> (paintings of the children)
<i>ixesha la-</i>	+ <i>iti</i>	> <i>leti</i> (time of tea i.e. teatime)
<i>amagama a-</i>	+ <i>abantwana</i>	> <i>abantwana</i> (names of the children)
<i>isicelo sa-</i>	+ <i>umsebenzi</i>	> <i>sqmsebenzi</i> (application of a job)
<i>izicelo za-</i>	+ <i>umsebenzi</i>	> <i>zqmsebenzi</i> (applications of jobs)
<i>ikomityi ya-</i>	+ <i>ikofu</i>	> <i>yekofu</i> (cup of coffee)
<i>iitispuni za-</i>	+ <i>iswekile</i>	> <i>zeswekile</i> (teaspoons of sugar)
<i>uluhlu lwa-</i>	+ <i>izithako</i>	> <i>lwezithako</i> (list of ingredients)
<i>ubantu ba-</i>	+ <i>abantu</i>	> <i>babantu</i> (the humanity of the people)
<i>ukubhakwa kwa-</i>	+ <i>iikekiki</i>	> <i>kwekekiki*</i> (the baking of cakes)
<i>ukwenziwa kwa-</i>	+ <i>ubusi</i>	> <i>kqbusi†</i> (the making of honey)

**ii-* > *-ee-*. †For ease of pronunciation 'w' is omitted before 'o'.

3 How to express 'am', 'is', 'are'

With interrogative '-phi?' where 'am', 'is', 'are' are understood

Uphi uDavid?	Where (is) David?
Siphi isibhedlele?	Where (is) the hospital?
Iphi i-ofisi yakho?	Where (is) your office?

→ cf. Unjani? = lit. You how? (see Unit 2.5).

With the adverb 'apha' = 'here'

I-ofisi ilapha eKapa. The office is here in Cape Town.

With forms such as 'esikolweni', 'e-ofisini', 'emsebenzini', esibhedlele, eKapa, etc. (known as the locative form)

Ndisekhaya.	I am <u>at</u> home.
U <u>s</u> e-ofisini.	He <u>is</u> <u>in</u> the office.
Basesikolweni.	They <u>are</u> <u>at</u> school.

Note: The locative -s- also separates the two vowels in:

<i>ngase-</i> : ngaseRhini	near Grahamstown
<i>nase-</i> : naseyunivesithi	and at the university
<i>bases-</i> : abantu baseHolani	the people of (in) Holland

4 How to express 'here is', 'here are'

Once again the noun class system in Xhosa necessitates the use of several different forms where only two are used in English:

Nanku uJenny.	Here is Jenny.
Naba abantwana.	Here are the children.
Nanku (or nangu) umnxeba.	Here is the phone.
Nantsi imiqamelo.	Here are the pillows.
Nali icephe.	Here is the spoon.
Nanga amacephe.	Here are the spoons.
Nasi isilayi sekeyiki.	Here is a slice of cake.
Nazi ezinye izilayi.	Here are some more slices.
Nantsi ikofu.	Here is the coffee.
Nazi (or nanzi) iitispuni.	Here are the teaspoons.
Nalu ubisi.	Here is the milk.
Nabu* ubusi.	Here is the honey.
Naku ukutya.	Here is the food.

*Nabu is seldom used as nouns belonging to Class 14 are nearly all abstract.

5 The equivalent of English 'myself', 'yourself', etc.

At last, here is a case where there is only one form in Xhosa where English has more than one form!

Like the object concord, '-zi-' = 'myself', 'yourself', 'ourselves', etc., is placed immediately before the verb:

Ndiyazidla. (lit. I am eating myself)	I am proud of myself.
Bayazidla.	They are proud of themselves.
Zincede.	Help yourself.

6 Expressions in Xhosa ending in '-ile'

These expressions often refer to one's physical state. They are verbal forms in Xhosa, but correspond to adjectives in English:

Ndiphilile.	I am well.	Namkelekile!	You're welcome!
Ndilambile.	I am hungry.	Kubalulekile.	It's important.
Kulungile.	It is all right.	Uxakekile?	Are you busy?
Ndiqinisekile.	I'm sure.	Ndingxamile.	I'm in a hurry.
Utshatile?	Are you married?	Unyanisile.	You're right.
Ukhululekile?	Are you comfortable?	Kupholile.	It is cool.

Note: Two frequently used expressions which end in '-iwe', not '-ile':

Ndinxaniwe.	I am thirsty.	Ndidiniwe.	I am tired.
-------------	---------------	------------	-------------

7 'Xhosalised' words

In Units 1-5 you have come across a number of 'xhosalised' nouns, i.e. those nouns adopted from English and / or Afrikaans:

from English		from Afrikaans	
ibhotolo	butter	ibhanti (ama-)	band
ifama	farm	idolophu	dorp
inkampani	company	ikomityi	koppie
ikayiki	cake	iswekile	suiker
ikliniki	clinic		
ikofu	coffee		
imajarini	margarine		
i-ofisi	office		
iresiphi	recipe		
isengwitshi	sandwich		
iti	tea		
itispuni	teaspoon		
iyunivesithi	university		

As you can see, most of these 'adopted words' belong to Classes 9 /10 prefixing *i-/ii-*. However, when the adopted English or Afrikaans word

begins with an 's' followed by a consonant, e.g. 'school', 'slice', these nouns usually belong to the 'isi-' class:

isikolo	school	isilayi	slice
---------	--------	---------	-------

Although the majority of nouns adopted from English or Afrikaans belong to Classes 9 and 10, there are a number of nouns besides 'ibhanti' which belong to Classes 5 and 6 and not to Classes 9 and 10:

ikhitshi	amakhitshi (kitchen/s)	ikhadi	amakhadi (card/s)
iphepha	amaphepha (paper/s)	ipolisa	amapolisa (police)
itikiti	amatikiti (ticket/s)	ivili	amavili (wheel/s)

Adopted words are often used in everyday speech while the original Xhosa words are preferred in the written language, especially in literature, e.g.:

i-eropeni	inqwelo-moya (lit. wagon (of the) air)
ikhitshi	igumbi lokuphekela (lit. room of / for cooking)
iflawu	umgubo (flour)
ifowuni	umxeba (phone) (lit. a rope)

Note: When English words are used in written or spoken Xhosa they must have a prefix which is usually 'i-' (Class 9):

ipersonnel manager
iRed Cross Hospital
iPrimary Health Care

How to apply it

1 Ask

- Where is the sugar?
- Where is the milk?
- Where is the cake?
- Where is a spoon?
- Where is the coffee?
- Where is the tea?
- Where is a teaspoon?

2 Answer

- Here is the sugar.
- Here is the milk.

- (c) Here is the cake.
- (d) Here is a spoon.
- (e) Here is the coffee.
- (f) Here is the tea.
- (g) Here is a teaspoon.

3 Say that you like 'it'

- (a) Ndi ___thanda (ikeyiki).
- (b) Ndi ___thanda (amaqanda).
- (c) Ndi ___thanda (izinto ezimnandi).
- (d) Ndi ___thanda (iisengwitshi).
- (e) Ndi ___thanda (ikofu) enganaswekile. (without sugar) (lit. not having sugar)

4 Give the instructions replacing the word in brackets with the appropriate object concord

- (a) ___zalise (iketile – fill the kettle).
- (b) ___bilise (amanzi).
- (c) ___zise (ubisi).
- (d) ___gqithise (iswekile).
- (e) ___ncede (yourself).
- (f) ___vale (ucango).

5 Ask (using -njani)

- (a) How are you today?
- (b) How are the children?
- (c) How is your husband?
- (d) How is your wife?
- (e) How are your parents?
- (f) How is work?
- (g) How is the weather?
- (h) How is the cake?
- (i) How are the sandwiches?

6 Look at the recipe Jenny gives Thandi

- (a) Circle the object concords and the noun to which they refer. (You should find three)
- _____
- (b) Circle the possessives.

7 Write a list in Xhosa of the things Thandi asks Lindiwe to buy for her

UThandi 'Lindiwe, ndifuna ukubhaka ikeyiki ngomso kusasa kodwa andinaxesha lokuthenga izithako ezifunekayo. Ndicela uye esuphamakete uzithenge. Nalu uluhlu:'

eggs _____
 flour _____
 butter _____
 sugar _____
 milk _____
 margarine _____
 icing sugar _____

ULindiwe Kulungile. Ndiza kukwenzela loo nto.

8 Complete the text by filling in

Use 'amanzi', 'ikofu' and 'ubisi'.

- A Ngena sisi, uphumle umzuzwana. Ujongeka udiniwe!
Hlala phantsi. Lixesha leti okanye ukhetha _____?
- B Enkosi. Nokuba yintoni.
A David, layita iketile ubilise _____.
- D Kulungile, mama.
A Nantsi _____. Ungathanda _____ neswekile?
- B Galela _____ qha, enkosi.
A David, nceda uzise _____.
- D Luphi _____, mama? Lusefrijini? Andiluboni tu!
A Oo, ndilibele ukuluthenga _____!

-phumla	rest, relax	iketile	kettle
umzuzwana	a little while	-bilisa	boil
-layita	switch on	-zisa	fetch

9 Fill in the missing forms

Use:

(a) ndilambile, (b) kubalulekile, (c) wamkelekile, (d) ndiphilile,
(e) ndingxamile, (f) utshatile, (g) ndinxanwe and (h) kupholile

Molo, (1) _____ ekhayeni lam!

Unjani namhlanje? (2) _____ enkosi.

Ufuna into yokusela? Ewe, (3) ndi _____ kakhulu!

Ufuna into yokutya kanaanjalo? Ewe, (4) _____.

Ndicela uze apha. Ungandincedisa? Hayi, ndilusizi,

(5) _____.

Nceda uzise ijezi yam. Ndiyagodola. (6) _____ ngoku.

(7) _____ ufowune uThandi.

(8) _____ uThemba? Ewe, uThandi yinkosikazi yakhe.


6 Nifudumele ngokwaneleyo?

Are you warm enough?

In this Unit you will learn how to:

- ask whether someone is warm enough
- discuss the weather
- express likes / dislikes
- refer to the days of the week / months / seasons

Incoko

 The Murrays and the Thamsanqas move inside and discuss the variable weather.

- UPeter Nifudumele ngokwaneleyo okanye ndilayite isifudumezi?
 UThemba Hayi enkosi, asifuni sifudumezi. Akubandi kangako.
 UJenny Linjalo izulu laseKapa. Umzuzu ilanga liyakhanya, kolandelayo kuyana!
- UThandi Hayi, maan, musa ukubaxa! Yaye ungakhalazi ngezulu laseKapa! Imvula ibhetele kunembalela! Ibe siyayifuna imvula eMzantsi Afrika. Inqabile.
- UPeter Jenny, ufana nabantu abavela eGauteng! Bona, kaloku, abalithandi izulu lethu! Ebusika bakhaliza ngemvula; ehlotyeni ngokuvuthuza komoya!
- UThemba Kodwa masiyivumeni inyani, lihle izulu laseGauteng ebusika. Lomile, alini.
- UThandi Kodwa iindudumo nemibane phaya ehlotyeni!
 UJenny Hayi, masivumeni yonke indawo inezinto ezilungileyo nezinto ezingalunganga!
- UThandi Unyanisile! Umzekelo, eThekwini kumnandi ebusika kodwa ukufuma apho ehlotyeni, *kugqithe emgceni!!*
- UJenny Ewe, kunjalo kanye sisi.

- UPeter Ndiyathemba ukuba liza kuba lihle* ngempela-veki ezayo kuba kukho ukhuphiswano olukhulu lweqakamba eNewlands. Uyakuthanda ukubukela iqakamba, Themba?
- UThemba Kakhulu! Utsho noMakhaya Ntini kwiTV: 'I don't like cricket. I love it!'
- UPeter Heke, ndiza kuya noDavid emdlalweni ngoMgqibelo. Uyafuna ukusikhapha nonyana wakho?
- UThemba Ewe, singavuya kakhulu.
- UPeter Kulungile, ndiza kukufowunela ngoLwesihlanu ukuze sithethe ngexesha nendawo yokudibana.

*In 'liza kuba lihle' 'li-' = 'it' refers to Class 5 noun 'izulu' = weather.

Isigama

-fudumele	be warm	masiyivumeni inyani	let's admit the truth
ngokwaneleyo	enough	-omile	be dry
-layita	switch on	alini	it doesn't rain
isifudumezi	heater	iindudumo	thunder
kangako	so	imibane	lightning
-njalo	like that	phaya	over there
izulu	weather	yonke indawo	every place
laseKapa	of the Cape	inezinto ezilungileyo	has good things
umzuzu	minute	ezingalunganga	not good (things)
-khanya	shine	umzekelo	for example
kolandelayo	at the next	eThekwini	in Durban
-na	rain (verb)	ukufuma	humidity
musa	don't	apho	there
-baxa	exaggerate	kugqithe emgceni	intolerable
yaye	and		lit. beyond the line
ungakhalazi	don't complain	kunjalo kanye	it's exactly like that
invula	rain (noun)	liza kuba lihle	it will be fine
-bhetele	better	impela-veki ezayo	coming weekend
kunembalela	than drought	ukhuphiswano olukhulu	big match
imbalela	drought	lweqakamba	of cricket
ibe	moreover	iqakamba	cricket
-nqabile	be scarce	-bukela	watch
-fana na-	be like	-tsho	say so
abavela	who come	emdlalweni	to the game
bona, kaloku	as for them	ngoMgqibelo	on Saturday
ebusika	winter	-khapha	accompany
-khalaza nga-	complain about	-fowunela	phone (for)
ehlotyeni	in summer	ngoLwesihlanu	on Friday
-vuthuza komoya	blowing of wind	ukuze	so that

How to ...

Ask whether someone is warm enough/cold

Ufudumele ngokwaneleyo?
Uyagodola?

Note: '-godola' = 'be cold' refers to humans while '-banda' = 'be cold' refers only to inanimate objects.

Comment on warm/hot/pleasant weather

Kushushu! It's hot!
Yimini entle! It is a beautiful day!
Langa liyakhanya. The sun is shining.
Langa liyaqaqamba (lit. throbbing). The sun is shining.
Langa liyatshisa! The sun is burning!
Langa libalele. It is intensely hot.
There is a drought.

Likhupha intlanzi emanzini!* (It is so hot that) it takes the fish out of the water!
Ligqatse ubhobhoi!* (It is so hot that) it scorches the African hoopoe bird!

Kufudumele. It is warm.
Ndifudumele. I am warm

→ *See Unit 10.1 for more about idioms and proverbs.

Comment on cool/cold/less pleasant weather

Ihlobo alifuni kufika. Summer doesn't want to come.
Ihlobo alivumi ukude lingene. Summer is late. (lit. summer doesn't agree (yet) to come in.)
Ihlobo liphelile. Summer has come to an end.
Kuyaphola. It is becoming cool.
Kupholile. It is cool.
Kuyabanda (phandle)! It is cold (outside)!
Bekubanda izolo. It was cold yesterday.
Yimini embi! It is a terrible day!
Kujongeka ngathi imini iza kuba mbi! It looks as if it is going to be a terrible day!

*Izulu limathumb' antaka!**

The weather is rather unsettled.
(lit. like the intestines of a bird)

Ubusika abufuni kumka.

Winter doesn't want to go away.

Andizithandi tu iinyanga zobusika!

I don't like the winter months at all!

→ *See Unit 10.1 for more about idioms and proverbs.

Comment on rainy weather

Izulu liyezisa.

Rain is imminent. (lit. the weather is bringing rain)

Kuyana.

It's raining.

Ndicinga ukuba kuza kunetha!

I think it is going to rain!

Ngathi kuza kunetha.

It looks like it is going to rain.

Ndithemba ukuba iza kuyeka kamsinya ukunetha!

I hope that it stops raining soon!

Sifumene imvula eninzi kutshanje. We've had a lot of rain recently.

Nantsi imvula!

Here's the rain!

Iyagalela imvula!

It's pouring with rain!

Imvula iyadyudyuza!

It's pouring with rain!

Comment on windy/misty/overcast/dry weather

Umoya uyavuthuza.

It's very windy. (lit. it is blowing)

Umoya uyabhudla.

The wind is blowing hard.

Kukho inkungu.

It's misty.

Kusibekele.

It's overcast.

Komile.

It's dry.

Kufumile.

It's humid.

Kuzolile.

It's calm.

Note: 'inkungu nelanga' (lit. mist and sun) is an idiomatic way of saying 'a multitude of people': 'Bekukho inkungu nelanga' 'There was a huge crowd.'

Comment on thunder/lightning/hail

Mamela iindudumo!

Listen to the thunder!

Jonga umbane!

Look at the lightning!

Jonga isichotho!

Look at the hail!

Ask what the temperature is

Yintoni iqondo lobushushu namhlanje?

What's the temperature today?
(lit. degree of heat)

Cultural background

Seasons of the year

(*Amaxesha Lonyaka*) (lit. times of the year)

summer	ihlobo	(< <i>umhlobo</i> = friend (i.e. the friendly season)
spring	intlakohlaza	(lit. the points of the green grass)
	intwasahlobo	(< <i>-thwasa</i> = become visible, appear (lit. the appearance of summer)
autumn	ukwindla	(< <i>-dla</i> = eat, i.e. the season of eating) (Class 14!)
winter	ubusika	(< <i>-sika</i> = cut, i.e. the cutting season)

Months of the year

(*linyanga Zonyaka*)

January	uJanuwari	eyom Qungu	(month of the Tambuki grass)
February	uFebruwari	eyom Dumba	(month of the swelling grain)
March	uMatshi	eyo Kwindla	(month of the first fruits)
April	uApril	eka Tshaz'iimpuzi	(month of the withering pumpkins)
May	uMeyi	eka Canzibe	(month of the Canopus)*
June	uJuni	eye Silimela	(month of the Pleiades)
July	uJulayi	eye Khala	(month of the aloes)
August	uAgasti	eye Thupha	(month of the buds)
September	uSeptemba	eyom Sintsi	(month of the coast coral tree)
October	uOktobha	eye Dwarha	(month of the ragwort)
November	uNovemba	eye Nkanga	(month of the broad-leaved ragwort)†
December	uDisemba	eyom Nga	(month of the mimosa thorn tree)

*Bright star seen before dawn in May. †Tall and smaller yellow daisies respectively.

Note: As can be seen from the explanation in brackets, the Xhosa months were named after plants or flowers flowering in that particular month. The original names of the months are very often used in literature while the Anglicised versions seem to be used in everyday speech especially by the younger generation.

Poem and songs



Imbalela

'Yoo! Yoo!
Siyalila,
Inkomo zethu zifile,
Lintlanti zikhedamile,
Amasimi axwebile.
Imimango ibharile,
Izityalo zibunile.
Izilwana ziziimpanza,

Amacebo aphelile.'

Drought

Oh! Oh!
We are weeping,
Our cattle are dead,
The cattle *kraals* are bereft,
The fields are cracked like dry skin.
The hillsides are parched,
The plants are withered.
The small wild animals are like a
broken up, dispersed army,
We don't know what to do.
(lit. Plans have come to an end.)

(From a poem by G. Soya Mama)

Rain

Rain, rain,
Splash, splash, splash,
My dress is wet,
My dress is wet,
Boom, boom, it is thundering.
Boom, boom, it is thundering.
My dress is wet.
My dress is wet.

Wind

Please see here is the wind!
Wu! Wu! Wu!
It comes through the window,
It puts out my light.
It goes out and I stay,
It leaves me in the dark.
It should go, it should go.
Wu! Wu! Wu!



Invula

Invula, invula,
Chapha, chapha, chapha,
Imanz' ilokhwe yam,
imanz' ilokhwe yam,
Gqum, gqum, kuyaduduma,
Gqum, gqum, kuyaduduma.
Imanz' ilokhwe yam,
Imanz' ilokhwe yam.



Umoya

Khanibone nank 'umoya!
Wu! Wu! Wu!
Ungen' efestileni,
Ucim' isibane sam,
Uyaphuma ndiyasala,
Undishiya emnyameni,
Zuhambe zuhambe (uze uhambe).
Wu! Wu! Wu!

How it works

1 The equivalent of English 'every', 'all', 'the whole' = '-onke'

From the following list you can see that '-onke' is preceded by the consonant associated with the noun to which it refers and can precede or follow a noun depending on emphasis:

wonke <i>umntu</i>	<i>every person, everyone</i>
bonke <i>abantu</i>	<i>all persons, everybody</i>
wonke <i>umsebenzi</i>	<i>all work</i>
yonke <i>imihla</i> (lit. all days)	<i>every day</i>
lonke <i>ilizwe</i>	<i>the whole country</i>
lonke <i>ixesha</i>	<i>all the time</i>
onke <i>amazwe</i>	<i>all countries</i>
onke <i>amaxesha</i>	<i>all times</i>
sonke <i>izikolo</i>	<i>the whole school</i>
zonke <i>izikolo</i>	<i>all schools</i>
yonke <i>into</i>	<i>everything</i>
zonke <i>izinto</i>	<i>all things</i>
lonke <i>uluntu</i>	<i>all mankind</i>
bonke <i>ukwindla</i>	<i>the whole autumn</i>
bonke <i>ubusika</i>	<i>the whole winter</i>
konke <i>ukutya</i>	<i>all the food</i>

Remember: in the case of nouns prefixing 'um-' the associated consonant is 'w-' and in the case of nouns prefixing 'ini-' / 'i-' / 'in-' / 'im-' the associated consonant is 'y-'.

Note: No concord in Class 6 (*ama-*).

'-onke' can also be used with 'si-' = 'we' and 'ni-' = 'you' (pl.):

Yizani apha nonke.

All of you come here.

2 Adjectives

There are only a few so-called adjectives in Xhosa, several of which you have already come across, but they are frequently used. They include the numerals 1–6 as well as the following adjectival stems:

-nye	= one	-ne	= four
-bini	= two	-hlanu	= five
-thathu	= three	-thandathu	= six
-hle	= beautiful	-bi	= bad, ugly
-de	= long, tall, far	-futshane	= short
-fuphi	= near	-tsha	= young, fresh
-dala	= old, stale	-ninzi	= many
-ngaphi?	= how many?	-ncinane	= little
-khulu	= big	-ncinci	= small

In Xhosa, adjectives follow nouns and to mark the relationship between noun and adjective, an **adjectival concord** (corresponding to 'that', 'which', 'who') is used e.g.:

<i>umsebenzi omkhulu</i>	a big job	(lit. a job that is big)
<i>isilayi esincinci</i>	a small slice	(lit. a slice that is small)
<i>ikomityi enye</i>	one cup	(lit. a cup that is one)
(cf. <i>enye</i> ikomityi yekofu = another cup of coffee)		

<i>om-</i>	<i>umntwana</i>	<i>omnye</i>	one child
<i>aba-</i>	<i>abantu</i>	<i>abadala</i>	adults (lit. old people)
<i>om-</i>	<i>umsebenzi</i>	<i>omkhulu</i>	big/much work
<i>emi-</i>	<i>imihla</i>	<i>emide</i>	long days
<i>eli-</i>	<i>izulu</i>	<i>elihle</i>	fine weather
<i>ama-</i>	<i>amacephe</i>	<i>amakhulu</i>	big spoons
<i>esi-</i>	<i>isilayi</i>	<i>esincinci</i>	a small slice
<i>izi-</i>	<i>izikolo</i>	<i>ezininzi</i>	many schools
<i>en-</i>	<i>ikheyiki</i>	<i>entle*</i>	a beautiful cake
<i>en-</i>	<i>into</i>	<i>enkulu†</i>	a great thing
<i>ezin- / ezim-</i>	<i>itispuni</i>	<i>ezimbini^a</i>	two teaspoons
<i>olu-</i>	<i>ubisi</i>	<i>olutsha</i>	fresh milk
<i>obu-</i>	<i>ubusika</i>	<i>obubi</i>	a bad winter
<i>oku-</i>	<i>ukutya</i>	<i>okudala</i>	stale food

* **-hle** > **-tle** before an **n**: *into entle*; *ikheyiki entle*.

† A consonant after **n** is never aspirated. ^a **n** > **m** before **b**, **p**, **f**, **v**.

Although there are only a few true adjectives in Xhosa, the Xhosa language is not short of descriptives.

One group includes words referred to in Xhosa grammar books as 'relatives', e.g.:

-mnandi	sweet, nice	-muncu	sour
-lula	easy, light	-nzima	difficult, heavy
-lusizi	sad, sorry	-bomvu	red
-mhlophe	white	-mnyama	black
-ntsundu	brown	-blowu	blue
-luhlaza	green* / blue†	-lubhelu	yellow

*Okwengca = as grass.

†Okwesibhakabhaka = as the sky.

→ Unit 8.1 for more **relative stems**.

Other descriptives are **derived from verbs** and suffix **-yo** when no other word follows:

-balulekileyo	important	-zayo	coming
-landelayo	following	-vela	coming from
-lungileyo	good	-ya	going to

Kubalulekile.

Yinto ebalulekileyo.

It's important.

It's an important thing.

(lit. which is important)

Yet another group uses **-na-** = 'have' / 'has' / 'with' together with an **abstract noun**:

-nomdla (interesting):	<i>umsebenzi onomdla</i> (lit. work that has interest)
-namandla (strong):	<i>indoda enamandla</i> (lit. a man who has strength)

The **difference** between **adjectives** and **other descriptives** is in their **concord** or **link** to the noun in the following noun classes only:

	Adjectives	Other descriptives
Class 1	<i>umntu omhle</i>	<i>umntu onomdla</i>
Class 3	<i>umsebenzi omhle</i>	<i>umsebenzi onomdla</i>
Class 4	<i>imihla emihle</i>	<i>imihla emnandi</i>
Class 6	<i>amazwe amahle</i>	<i>amazwe amnandi</i>
Class 9	<i>into entle</i>	<i>into emnandi</i>
Class 10	<i>izinto ezintle</i>	<i>izinto ezimnandi</i>

Note: A **relative concord** prefixed to a **verb** forms a **relative clause**:

Ufana nabantu *abavela*
eGauteng.

You are like people *who* come
from Gauteng.

3 The present tense in the negative

There is no word in Xhosa corresponding to the English 'not'.

Instead, the **negative** form of the subject concord is used and the verb ending changes (cf. **Unit 3.3**). Compare the subject concords of the 3rd person:

Positive Negative

ú-	<i>aka-</i>	<i>UThandi akathandi ndudumo</i> namibane.
ba-	<i>aba-</i>	<i>Abantu baseGauteng abalithandi izulu</i> laseKapa.
u-	<i>awu-</i>	<i>Umoya awubandi</i> namhlanje.
i-	<i>ayi-</i>	<i>Imisebenzi ayipheli.</i> (The tasks have not ended.)
li-	<i>ali-</i>	<i>langa alikhanyi</i> namhlanje.
a-	<i>aka-</i>	<i>Amanzi akabandi.</i>
si-	<i>asi-</i>	<i>Isifudumezi asisebenzi</i> kakuhle.
zi-	<i>azi-</i>	<i>Izifudumezi azisebenzi</i> kakuhle.
i-	<i>ayi-</i>	<i>Imvula ayifuni</i> kuma namhlanje.
zi-	<i>azi-</i>	<i>Iimvula azifuni</i> kuma namhlanje.
lu-	<i>alu-</i>	<i>Ulwandle</i> (the sea) <i>alubandi</i> namhlanje.
bu-	<i>abu-</i>	<i>Ubusika abubandi.</i>
ku-	<i>aku-</i>	<i>Ukutya akubandi.</i>

4 The future tense

In **Unit 1** you came across an example of the **future tense**:

Siza kufika eKapa kamsinya. We **will** arrive in Cape Town soon.

As you can see the future tense is formed in the following way:

SC + '-za ku-' (or '-ya ku-') + verb stem:

Ndiza kuzama.	I'll try.
Ndiza kukufowunela.	I'll phone you.
Ndicinga ukuba liza kuna.	I think it will rain.

Note: the position of the object concord.

The **short (contracted) form** of the **future tense** is often heard in colloquial speech but can also be found in written texts:

Ndobona, sobona,	I'll see, you'll see,
wobona, nobona, etc.	he'll / she'll see, you'll see, etc.

Remember: Sobonana.

We'll see each other.

The **negative form**: '-zi ku-' (or '-yi ku-'):

Andizi kukwenzalisa. I will **not** hurt you.

→ See **Unit 8**.

5 Instruct not to do something

It is very easy to instruct someone **not to do** something. Simply use '**Musa**' followed by the infinitive when instructing one person and '**Musani**' when instructing more than one person:

One person	More than one person
Musa ukubaxa.	Musani ukubaxa.
Don't exaggerate.	
Musa ukukhalaza.	Musani ukukhalaza.
Don't complain.	
Musa ukulibala.	Musani ukulibala.
Don't forget.	
Musa ukuzikhathaza.	Musani ukuzikhathaza.
Don't worry (<i>yourself</i>).	

In spoken language the shortened forms are preferred:

Sukubaxa.	Sanukubaxa.
Sukukhalaza.	Sanukukhalaza.
Sukulibala.	Sanukulibala.
Sukuzikhathaza.	Sanukuzikhathaza.

If you want to express yourself more 'elegantly' you can say:

Ungakhalazi.	Ningakhalazi.	You shouldn't complain.
Ungalibali.	Ningalibali.	You shouldn't forget.
Ungazikhathazi.	Ningazikhathazi.	You shouldn't worry.

→ See **Unit 15.2**.

6 Different ways of expressing 'can'

The English translations show that these different ways of expressing '**can**' are not always interchangeable:

Unokuza? (< Unakho ukuza?)	Can you (are you able to) come?
Ewe, ndingokuza.	Yes, I can (come).
Hayi, andinakuza.	No, I can't (come).

Ungandinceda?	Can you help me?
Ndingangena?	Can (may) I come in?
Uyakwazi ukuthetha isiXhosa?	Can you (do you know how to) speak Xhosa?

7 More Xhosa equivalents of the English prepositions 'in', 'at'

Times of the day (amaxesha osuku) (usuku = 24-hour day)

emini	in daytime
emini emaqanda	at midday
emalanga / emva kwemini	in the afternoon
ebusuku	at night
ezinzulwini zobusuku	at midnight
ngorhatya (< urhatya)	at dusk
ngokuhlwa (< ukuhlwa)	in the evening

'Nga-' is also used with days of the week – iintsuku zeveki:

Monday	uMvulo (< -vula = open)
on Monday	ngoMvulo
Tuesday	uLwesibini*
on Tuesday	ngoLwesibini
Wednesday	uLwesithathu*
on Wednesday	ngoLwesithathu
Thursday	uLwesine*
on Thursday	ngoLwesine
Friday	uLwesihlanu*
on Friday	ngoLwesihlanu
Saturday	uMgqibelo (< -gqibela = finish)
on Saturday	ngoMgqibelo
Sunday	iCawa (cf. icawa = church)
on Sunday	ngeCawa

*cf. Adjectival stems.

'Nga-' is used also with months of the year – iinyanga zonyaka:

in which month?	ngeyphi inyanga?
in January	ngoJanyuwari
in February	ngoFebhuwari

in March	ngoMatshi
in April	ngoApreli
in May	ngoMeyi

Seasons – amaxesha onyaka:

in summer	ehlotyeni*	(< ihlobo)
in autumn	ekwindla	(< ukwindla (Class 14 ubu-)
in winter	ebusika	(< ubusika)
in spring	entlakohlaza	(< intlakohlaza)

* 'b' followed directly by 'w' is not easily pronounceable in Xhosa, therefore 'b' > 'ty' before -eni.

8 Adverbs

You have already come across some adverbs of time and place:

namhlanje	today	apha	here
ngomso	tomorrow	apho	there
lonke ixesha	always	onke amaxesha	always
phaya	over there	futhi	often

Adverbs can be formed with ka-:

kakuhle	well	kakubi	badly
kakhulu	much	kancinci	a little
kangaka	so much	kanjalo	like this
kamnandi	nicely	kamsinya(ne)	soon
kanye	once, exactly	kabini	twice
kaninzi	often		

Note: Kahle! = Hold on!

Adverbs can be formed with ku-:

kudala	long ago	kuphela	only
kungekudala	shortly (lit. it is not long)		

And adverbs can be formed with nga-:

ngethamsanqa	luckily	ngesaqophe	suddenly
ngelishwa	unfortunately	ngakumbi	especially
ngokukhawuleza	quickly	ngaphakathi	inside
ngokwaneleyo	sufficiently	ngaphandle	outside
ngamanye	sometimes		
amaxesha			

Others include:

kwakhona	again	qha	only
ekugqibeleni	at last	qho	always

How to apply it

1 Find the contrasting word / expression

Choose from: (a) Ilanga libalele, (b) Liyabanda kakhulu, (c) Lomile, (d) Kusibekele, (e) Umoya uyavuthuza and (f) Masihlale elangeni.

- Likhupha intlanzi emanzini.
- Ilanga liyakhanya.
- Iyagalela imvula.
- Kuzolile. / Akukho moya.
- Lifumile.
- Masihlale emthunzini. (shade)

2 Yithi

- | | |
|----------------------------|----------------------|
| (a) I am cold. | It is cold. |
| _____ | _____ |
| (b) I am warm. | It is warm. |
| _____ | _____ |
| (c) It becomes cool. | It is cool. |
| _____ | _____ |
| (d) It will rain tomorrow. | It won't rain today. |
| _____ | _____ |

3 Yithi

- | | |
|------------------------|----------------|
| (a) It's a nice day. | Yimini _____ |
| (b) It's an awful day. | Yimini _____ |
| (c) It's a cool day. | Yimini _____ |
| (d) It's hot day. | Yimini _____ |
| (e) It's a cool night. | Bususuku _____ |

4 Complete the dialogue with the appropriate subject concord

- A (a) ___za kuya eRobben Island ngoLwesihlanu, mna nabantwana. (b) ___ngathanda ukusikhapha, wena nabantwana? (c) ___namanye amatikiti amathathu.

- B Mna (d) ___ngathanda ukunikhapha, kodwa (e) ___xhomekeke kwimozulu. Ukuba umoya (f) ___vuthuza gqitha, ulwandle (g) ___za kulwa. (h) ___oyika ukuba ndingagula ngenxa yokudlokova kwenqanawa!
- A Hayi, (i) ___zi kuya ukuba (j) ___vuthuza gqitha.
- B (k) ___za kuya ukuba (l) ___yanetha?
- A Ewe, mna, (m) ___oyiki mvula.
- B (n) ___za kuya ukuba (o) ___shushu gqitha?
- A Ewe, (p) ___khathazeki bubushushu.

ulwandle	sea	-gula	be sick
-xhomekeke ku-	depend on	ngenxa ya-	because of
-lwa	fight i.e. rough	-dlokova kwenqanawa	rolling of the ship
-oyika	be afraid of	-khathazeka	mind, worry

5 Listen to the weather reports and say which refers to the weather in summer and which to the weather in winter

- (a) _____
- (b) _____

6 Use the appropriate expression in Xhosa for 'can'

- | | |
|---|---|
| (a) Can you speak Xhosa? | No, I can only speak a little Zulu. |
| (b) Can you speak English? | Yes, I am learning it at school. |
| (c) Can you please help me? | Of course (kakade), I'll help you. |
| (d) Can you come on Friday? | I'm sorry, I can't help you. |
| (e) Can I phone you tomorrow? | I'm sorry. I can't come. I am too busy. |
| (f) Can I pour you another cup of coffee? | No thanks, one cup is enough. |
| (g) Can I come in? | Yes, please come in. |

7 Say what you prefer


- (a) Someone says: Ndithanda izinto ezimuncu (sour).
Say you prefer sweet things.
- (b) Someone says: Ndithanda ikofu engenabisi* naswekile.
Say you prefer coffee with milk and sugar.
- (c) Somebody says: Ndithanda ikeyiki.
Say you prefer sandwiches.

- (d) Somebody says: Ndithanda ibhotolo.
Say you prefer margarine.
- (e) Somebody says: Ndithanda iwayini ebomvu.
Say you prefer white wine.

→ *See Unit 15.2.

8 The South African flag (indwe yoMzantsi Afrika). Colour in appropriately and number the colours

imnyama
ilubhelo
iluhlaza
(okwengca)



ibomvu
imhlophe
iluhlaza
(okwesibhakabhaka)

9 Read this excerpt from a poem by Minazana Dana

From which climatic region is the poet writing? How do you know?
Complete the missing lines of the translation.

Ihlobo

'Ewe, kambe ihlobo lifikile	Yes, no doubt summer has arrived
Ngubo yehlwempu, mhlaziyi-lizwe	Blanket of the poor, renewer [...]
Kaloku nje sinethemba lempilo,	Now we have hope for health
Kaloku nje sinethemba loxolo
Kaloku nje sinethemba lokonwaba
Ngokufika kweemvula zehlobo
Zithembis' isivuno soxolo	They promise a peaceful harvest
Kuba kambe ihlobo lifikile.'

7 | UJenny emsebenzini – 'Masithethe isiXhosa' Jenny at work – 'Let's speak Xhosa'

In this Unit you will learn how to:

- ask how you may help someone
- ask how someone is in different ways
- respond in different ways
- know what to say when at the garage
- thank someone in different ways
- know what to say when giving someone a tip
- congratulate and express good wishes

Incoko

One of Jenny's groups has come to the end of its module. Jenny puts her students through their paces to see whether they are proficient enough to proceed to the next level.

UJenny Molweni bafundi! Namhlanje nina niza kuthetha isiXhosa, mna ndiza kuphulaphula! Ngoobani abafuna ukuqala?

UMark noPaul Siza kuqala Jenny.

UMark Mna, ndiza kuba ngumthengisi-petroli. Yena, uPaul uza kuba ngumqhubi-wemoto.

UJenny Kulungile, bafundi, thethani!

Egaraji.

Umthengisi-petroli Molo mhlekazi. Kunjani? Ndingakunceda ngantoni namhlanje?

Umqhubi wemoto Molo, mnumzana. Kunjani?

Umthengisi-petroli Hayi, akukho nto. Ndihamba nazo! Wena?

Umqhubi wemoto Nam, ndiphilile enkosi.

Umthengisi-petroli Ndiyizalise itanki namhlanje?

- Umqhubi wemoto Hayi, ndiphe nge-fifty rand *qha* namhlanje.
 Umthengisi-petroli Kulungile mhlekazi. Anjani amavili?
 Umqhubi-wemoto Ingathi ivili lasekunene ngaphambili lifuna umoya.
 Khawukhangele onke jikelele.
 Umthengisi-petroli Kulungile, mhlekazi. Umoya ungakanani?
 Umqhubi wemoto Wampompe aye ku-210 jikelele. Ndicela ungalibali
 ukukhangela namanzi ne-oyile.
 Umthengisi-petroli *Utsho endodeni!*
After a few moments.

Heke, zonke izinto zilungile ngaphambili. Ndisule neefestile?

- Umqhubi wemoto Ungaba undincedile!
 Umthengisi-petroli Heke, ndigqibile, mhlekazi.
 Umqhubi-wemoto Ndiyabulela. Undincedile. Nantsi imali yepetroli.
 Nali ke icuba.
 Umthengisi-petroli Enkosi. Uhambe kakuhle, mhlekazi.
 Umqhubi wemoto Usale kakuhle, mnumzana. Sobonana!
 UJenny Mark noPaul nenze kakuhle! *Huntshu!*
 UJenny Heke, Val noSally, masiveni eyenu incoko!
 OoVal Kulungile.

Isigama

-phulaphula	listen	<i>utsho endodeni</i>	<i>no sooner</i>
umthengisi-petroli	petrol attendant		<i>said than done</i>
umqhubi wemoto	motorist		(lit. you've
ndihamba nazo	I'm fine		said so to a man!)
ndiyizalise itanki?	should I fill the tank?	-sula	wipe
amavili	tyres, wheels	ifestile	window
ivili lasekunene	the right wheel	ungaba	that would be
ngaphambili	in front	undincedile	helpful
umoya	air	nantsi imali	here is money
khawukhangele	please check	yepetroli	for the petrol
-khangela	check, look at	nali ke icuba	here then is
onke jikelele	all round		(money) for
-ngakanani	how much?		tobacco
-mpompa	pump up	-bulela	to be grateful
aye ku-	up to	<i>huntshu!</i>	<i>well done!</i>
i-oyile	oil	masiveni	let's hear
		eyenu incoko	your conversation

Incoko

Val accidentally bumps into a lady with her trolley while waiting in the checkout queue and a conversation ensues.

- UVal Uxolo Nkosikazi! Ndikwenzakalisile?
 Inkosikazi Hayi, akukho nto. Oo! uyasithetha isiXhosa?
 UVal Ndiyazama noko!
 Inkosikazi Hayi, akuzami! Uyasithetha! Usazela phi isiXhosa?
 UVal Uxolo, andiva kakuhle. Khawuphinde.
 Inkosikazi Ndithe usifunde phi?
 UVal Heke, ndiyaqonda ngoku! Ndisifunda eklasini yesiXhosa.
 Inkosikazi Ufundiswa ngubani?
 UVal NguNkosikazi Murray. Yena wakhulela emaXhoseni.
 Inkosikazi Nam, ndivela emaXhoseni.
 UVal Liphi ikhaya lakho?
 Inkosikazi LiseCacadu.
 UVal Oo YiLady Frere ngesiNgesi leyo?
 Inkosikazi Yho! Unyanisile. Uyasazi isiXhosa inene!
 UVal Uhlala phi, Nkosikazi?
 Inkosikazi EClaremont. Wena uhlala phi?
 UVal EKEnilworth kodwa ndisebenza apha eClaremont.
 Inkosikazi Nam ndisebenza apha eClaremont. Ndinerestyu eFir Avenue ebizwa ngegama elithi 'Ningene'.
 UVal Inene! Mhlawumbi ndiza kukutyelela apho! Yhoo, ndiphantse ndalibala, igama lam nguVal Todd.
 Inkosikazi Ndiyavuya ukukwazi Val. Mna ndinguXoliswa Silinga.
 UVal Nam ndiyavuya ukukwazi, Xoliswa. Bekumnandi kakhulu ukuthetha nawe. Ndiyathemba ukuba siza kubonana kwakhona. Ndiza kuxelela utitshalakazi wam neklasi yam ngerestyu yakho. Mhlawumbi sonke siza kutyelela irestyu yakho kamsinyane!
 UXoliswa Ingantle loo nto, Val. Uhambe kakuhle.
 UVal Uhambe kakuhle nawe, Xoliswa. Sobonana kwakhona apho ernityu!
 UJenny Nani nenze kakuhle, Val noSally! Ndonwabile! Ndonwabe gqitha ngokuqhubela phambili kwenu! Ndiyavuyisana nani! Ngoku mandininqwenelele iholide emnandi!

**Isigama**

ndikwenzakalisile?	did I hurt you?	-tyelela	visit
usazela phi?	where do you know it from?	ndiphantse	I nearly
iklasi	class	ingantle loo nto!	that would be lovely!
ufundiswa	by whom are you taught?	ndonwabile	I'm happy
ngubani?	that	ndonwabe gqitha	I'm very happy
leyo	restaurant	ngokuqhubela	with your progress
irestyu	which is called	phambili kwenu	
ebizwa	by the name	-vuyisana na-	rejoice with, i.e. congratulations
ngegama elithi	perhaps	mandininqwenelele	let me wish you
mhlawumbi		iholide	holiday

**How to ...****Ask how you may help someone**

Ndingakunceda ngantoni?

Ask how someone is in different ways

Uphila / Niphila njani?

Uphilile / Niphilile?

Usaphila / Nisaphila?

Unjani / Kunjani? / Ninjani?

Respond to being asked how you are in different ways

Ndiyaphila. / Siphila kakuhle enkosi.

Ndiphilile. / Siphilile.

Ndisaphila. / Sisaphila.

Ndikhona. / Sikhona.

Idiomatic expressions to ask how someone is

Uvuka njani / Nivuka njani?	(lit. How do you wake up ?)
Uvukile / Nivukile?	(lit. Have you woken up ?)
Usahleli / Nisahleli?	Are you still seated ? (implication being that those who are not well would not be sitting up).

Some idiomatic expressions in response

Ndihleli.

I am **seated**.

Sihleli.

We are **seated**.

Ndihamba nazo.

I am **going along with them**.

Sihamba nazo.

We are **going along with them**.
('-zo' refers to 'iingxaki = problems')

Ndikhohlela ndihamba.

I am **'coughing along'**.

Sikhohlela sihamba.

We are **'coughing along'**.

Ndisatotoba.

I am still **tottering along**.

Sisatotoba.

We are still **tottering along**.

Ndiqhwalela ndisiya.

I am **limping** going along.

Siqhwalela sisiya.

We are **limping** going along.

Ndonwabile.

I am **happy**.

Sonwabile (ekhaya).

We are **happy** (at home).

Ndiyacothoza.

I am **going along slowly**.

Siyacothoza.

We are **going along slowly**.

Akukho nto (imbi).

There is nothing (bad).

(shortened to: Akho'nto)

Kunceda ntoni ukukhalaza?

What does it **help** to **complain**?

Akuncedi ukukhalaza!

It doesn't **help** to **complain**!

Know what to say at the garage

Ndingafumana ipetroli.

Nceda, zalisa itanki.

Nceda yizalise.

Galela nge-fifty rand qha.

Ungakhangela i-oyile, amanzi namavili.

Mpompa amavili ngo-1.8.

Wampompe ngo-1.8.

Ingathi ivili ngaphambili / ngasemva lihlele kakhulu.

Thank in different ways

Enkosi kakhulu (ngento yonke).

Undincedile.

Ungaba undincedile.

Ndiyabulela.

→ See cultural background

Know what to say when giving someone a tip

Nali icuba.	(lit. Here is tobacco .)
Nazi iilekese.	(lit. Here are sweets .)
Ina tshaya.	(lit. Take for something to smoke .)

Congratulate and express good wishes

Huntshu! / Halala!	Hurray!
Nantso ke!	That's it!
Ndiyavuyisana nawe!	Congratulations! (lit. I rejoice with you)
Ngxatsho ke!	Well spoken!
Maqobokazana phambili!*	Young ladies, well done!
Siyavuyisana nawe ngokunyuselwa kwakho!	Congratulations on your promotion!
Zonwabise! / Zonwabiseni!	Enjoy yourself / yourselves!
Ndikunqwenelela impumelelo!	Good luck! (lit. I wish you success)
Ubhale / Nibhale kakuhle!	Good luck for the exams! (lit. Write well)
Mini Emnandi (yokuzalwa) kuwe!	Happy Birthday to you!
IKresmesi emyoli / emnandi!	Happy Christmas!
Nyak' omtsha omnandi! (ozele ngamathamsanqa!)	Happy New Year! (filled with good luck)
Ndlela ntle!	Have a good trip!
Ube / Nibe nemini emnandi!	Have a nice day!
Ube / Nibe nempela-veki emnandi!	Have a nice weekend!
Ube / Nibe neholidi emnandi!	Have a nice holiday!
Njalo nakuwe!	And the same to you! (lit. and it is like that to you)

*An expression of praise for a person or persons who have completed a task efficiently and quickly.

Cultural background

There are several idiomatic ways of saying **thank you** in Xhosa which you may come across.

Nangamso or the full saying *Ungadinwa nangomso* (lit. 'you should not be tired (to do the same) tomorrow') was coined by one of the greatest Xhosa teachers, scholars and writers of our time **A.C. Jordan** whose novel, *Ingqumbo Yeminyanya – The Wrath of the Ancestors*, is considered one of the finest in Xhosa.

Maz' enethole (lit. a female animal and its young, usually cow and calf) is another, the explanation being as follows: As a mother always does things for her young, especially when still suckling, the recipient of a kind gesture feels the kindness that has been bestowed is equivalent only to that which a mother usually bestows on her young.

Ukwanda kwaliwa ngumthakathi (lit. Increase (of prosperity) is opposed by the witch) i.e. there is only one 'person' (the witch) who rejects the kindness, help, etc., shown by one person to another which has led to an increase in happiness and prosperity of the person on whom this kindness has been bestowed.

Ndibamba ngazibini / ngazo zombini (lit. I hold with two / both hands) is usually said when one person receives something concrete from another.

How it works

1 Verb stems beginning with a vowel

You will have observed that most verb stems in Xhosa begin with a consonant. There are, however, a number of verb stems that begin with vowels.

-amkela (welcome)		
Ni- + amkelekile!	> Namkelekile!	(ni- > n-)
-azi (know)		
Ndiyavuya ukuku + azi	> Ndiyavuya ukukwazi	(-ku- > -kw-)
-enza (do, make)		
U + enza ntoni?	> Wenza ntoni?	(u- > w-)

A verb beginning with a vowel influences a preceding vowel in one of two ways, yet another example of a **sound change** occurring.

2 Verb stems with a latent 'i'

There are also a few very frequently used **one-syllable verbs** in Xhosa containing a so-called latent *i*-. This latent *i*- influences a preceding 'a' which changes to 'e':

-(i)va (hear, feel)	Ndiy <u>a</u> + (i)va	> Ndiy <u>e</u> va	I hear, understand
	Nd <u>a</u> + (i)va	> Nd <u>e</u> va	I heard
-(i)za (come)	Ndiy <u>a</u> + (i)za	> Ndiy <u>e</u> za	I am coming
	Nd <u>a</u> + (i)za	> Nd <u>e</u> za	I came
-(i)ma (stand, stop)	Ndiy <u>a</u> + (i)ma	> Ndiy <u>e</u> ma	I am stopping
	Nd <u>a</u> + (i)ma	> Nd <u>e</u> ma	I stopped
-(i)mba (dig)	Ndiy <u>a</u> + (i)mba	> Ndiy <u>e</u> mba	I am digging
	Nd <u>a</u> + (i)mba	> Nd <u>e</u> mba	I dug

Note: When using vowel and one-syllable verbs to give instructions, prefix 'y- / yi-' respectively:

<u>Y</u> enza ikofu, nceda!	Make coffee, please!
<u>Y</u> iz' apha	Come here!
<u>Y</u> ima!	Stop!
<u>Y</u> imba!	Dig!
<u>Y</u> omba!	Dig! (often used in spoken Xhosa)
<u>Y</u> itsho uphinde!	You can say that again!

3 Tenses denoting past actions and events

The main ways of describing **past actions** and **events** are:

- The **recent** past tense
- The **remote** past tense
- The **continuous recent** past tense (see **Unit 12.2**)
- The **continuous remote** past tense (see **Unit 12.3**).

The recent past tense

Like the present tense, the **recent past** tense has two forms which correspond to the long and short form of the present tense (cf. **Unit 2.2**).

The **long form** is characterised by suffixing '-ile' to the verb when no other word follows, while the **short form** is characterised by suffixing -e when another word follows the verb:

Ugqibile?	Have you finished ?
Ugqibe nini?	When did you finish ?
Abafundi baphumile.	The students have left .
Baphume ngokukhawuleza.	They left in a hurry.

Note: The following frequently used verbs do not follow this rule. They have only one written form with **tone** and **length** distinguishing between long and short forms:

-libala (forget)	> -libele	Ndilibele kwakhona. I have forgotten again.
-lala (sleep)	> -lele	Ulele kakuhle? Did you sleep well?
-fumana (get, find)	> -fumene	Ufumene incwadi? Did you get the letter / book?
-dibana (meet)	> -dibene	Udibene nini noThandi? When did you meet (with) Thandi?
-phatha (bring)	> -phethe	Uyiphethe imali? Did you bring the money?

Remember there are a number of expressions incorporating '-ile' (cf. **Unit 5**). These expressions often referring to one's **physical state**, are **present tense in meaning**, even though they have a **past tense form** and are referred to as **stative verbs** in Xhosa grammar books:

Sithabhathekile.	We are impressed.
Ndonwabile.	I am happy.

To form the **negative** of the **recent past tense** (and **stative verbs**) prefix the **negative SC** and suffix '-anga':

Abafundi abaphumanga.	The students have not gone out. (recent past)
Andiphilanga.	I am not well. (stative)

→ See **Unit 12.2** for the **past tense** of **stative verbs**.

The remote past

This tense is characterised by the long '-a' of the subject concord (cf. **Unit 3.4**) and is used extensively in the telling of **folktales**.

→ See **Unit 16**.

ndi-	> ndazalwa ngo-1950	si-	> sazalwa ngo-1950 nathi
u-	> wazalwa nini?	ni-	> nazalwa nini?
u-	> wazalwa ngo-1955	ba-	> bazalwa ngo-1955 nabo

The subject concords for Classes 3–15 are as follows:

u-	> wa-
i-	> ya-
li-	> la-
a-	> a-
si-	> sa-
zi-	> za-
i-	> ya-
zi-	> za-
lu-	> lwa-
ba-	> ba-
ku-	> kwa-

To form the **negative** of the **remote past tense** use either the '-anga' form of the recent past (e.g. *andihambanga*) or the auxiliary verb **-zange** (e.g. (andi)zange ndihambe.) lit. I never went.

4 Kha- = '(would you) please'

Khawulinde umzuzwana.	Would you please wait a moment.
Khanilinde umzuzwana.	Would you (pl.) please wait a moment.
Kha- + u- > khawu- .	

→ cf. Unit 4.5 verb form ending in '-g'.

How to apply it

1 Say sorry when

- you think you may have hurt someone by accident.
- you have to interrupt someone.
- you are late.
- you forgot something.
- you've kept someone waiting.
- you don't speak Xhosa well.

2 Match verb and noun to give the appropriate instruction

Use: (a) iifestile, (b) i-oyile namanzi, (c) ipetroli, (d) itanki and (e) amavili.

- Galela
- Sula
- Mpompa
- Khangela
- Zalisa

3 Give instructions and responses

- | | |
|-----------------------|-----------------------|
| (a) Come here. | OK, I'm coming. |
| (b) Stop! | OK, I'm stopping. |
| (c) Make the tea now. | OK, I'll make it now. |

4 Complete the dialogue between a petrol attendant and a customer

- | | |
|--------------------|--|
| Umthengisi-petroli | Molo nkosikazi. Ndingakunceda? |
| Umqhubi | _____ |
| Umthengisi-petroli | Ufuna eyiphi ipetroli? Uthatha u-95 okanye u-97? |
| Umqhubi | _____ |
| Umthengisi-petroli | Ndiyizalise qhu itanki? |
| Umqhubi | Hayi, _____ |
| Umthengisi-petroli | Kulungile. Ungandipha izitshixo (keys)? |
| Umqhubi | _____ |
| Umthengisi-petroli | Enkosi. Ndingakhangela i-oyile? |
| Umqhubi | Hayi, _____ |
| Umthengisi-petroli | Kulungile. Umoya ungakanani? |
| Umqhubi | _____ |
| Umthengisi-petroli | Amavili ngaphambili ahlile kakhulu. Ndiwampompe ngo-210. Ndisule neefestile? |
| Umqhubi | Ewe. _____ |
| Umthengisi-petroli | Hayi, amanzi alungile. Ndingqibile nkosikazi. |
| Umqhubi | _____ |
| Umthengisi-petroli | Enkosi. Hamba kakuhle. |

5 Complete the dialogue

Xoliswa and Val meet again. Complete their chat by filling in the missing subject concords:

- UVal Ndiyakhumbula, uthe uvela eCacadu. (a) __zalelwa khona?
 UXoliswa Hayi, (b) __zalelwa kuKomani, kodwa abazali bam
 (c) __fudukela eCacadu ndisemncinci. (d) __khulela
 khona.
 UVal Oo, ndiyabona.
 UXoliswa Wena (e) __zalelwa eKapa?
 UVal Ewe, (f) __zalelwa eFish Hoek, kodwa (g) __hlala
 eminye iminyaka eGoli. (h) __tshatile, Xoliswa?
 UXoliswa Ewe, (i) __sebenza erestyu, mna nomyeni wam.
 (j) __tshatile wena?
 UVal Hayi, andisatshatanga. Sahlukene.
 UXoliswa Torho! Unabantwana?
 UVal Ewe, (k) __neentombi ezimbini. Wena
 (l) __nabantwana?
 UXoliswa Ewe, (m) __nabantwana abathathu, oonyana ababini
 nentombi. Intombi (n) __sencinci.
 UVal (o) __funeka ndihambe ngoku. (p) __leyithi.
 (q) __mnandi ukuthetha nawe. Hamba kakuhle, wethu.
 UXoliswa Sobonana.

-fudukela	move to
torho!	shame!
ndisemncinci	while I was <u>still</u> young
andisatshatanga	I am <u>no longer</u> married
sahlukene	we are divorced (lit. we are separated from each other)

6 Wish someone

- A nice weekend in Grahamstown.
- A good holiday.
- Good luck (success) at work.
- Good luck for exams.
- Happy Christmas and a happy New Year.
- Listen to the songs on tape. Can you guess the special occasions on which they are sung?

Min' Emnandi Kuwe
 Min' emnandi kuwe,

Thina Sobabini Sovumelana
 Mna nawe,

Min' emnandi kuwe, Thina sobabini sovumelana
 Min' emnandi kuwe, Thandi, Sovumelana nawe
 Min' emnandi kuwe. Sovumelana
 -vumelana = be in harmony

7 Match the English sentence with the correct Xhosa sentence

- Please sit down (lit. perch) and make yourself comfortable.
 - Please repeat, I'm listening (lit. hearing).
 - Please come in and sit down.
 - Please talk, I'm listening.
 - Please help me here.
 - Please advise (me).
 - Please check oil and the battery.
 - Please give me your phone number.
 - Please wait a few minutes.
 - Please give me your address.
- Khawulinde nje imizuzu embalwa.
 - Khawundinike idilesi yakho.
 - Khawuphinde ndive.
 - Khawundinike inombolo yefowuni yakho.
 - Khawukhangele i-oyile nebhetri.
 - Khawuthethe ndive.
 - Khawungene uhlale phantsi.
 - Khawundincece apha.
 - Khawundicebise.
 - Khawuchophe apha ukhululeke.

8 The poet Soya Mama

How would you translate 'igama' in the context in which it is found in the notes on the poet Soya Mama whose poem *Imbalela* appears in Unit 6?

USoya Mama ulibone ilanga kwilali yaseNew Brighton eBhayi ngomhla we-11 kweyeNkanga ngonyaka we-1919. Uqale ukuyibonakalisa imibongo kwamanye amaphepha-ndaba. Emva koko wapapasha ingqokelela yemibongo phantsi kwegama elithi *AmaQunube*.

ilali (< Afrikaans 'laager')	settlement	imibongo	poems
-bonakalisa	make appear	ingqokelela	collection
-papasha	publish	amaphepha-ndaba	newspapers
		amaqunube (ama-)	berries

8 UThandi emsebenzini - 'Ndingugqirha Thamsanqa' Thandi at work - 'I am Dr Thamsanqa'

In this Unit you will learn how to:

- comfort / reassure by telling someone not to worry
- ask what is wrong with someone
- say what is wrong with you
- ask someone's age
- characterise pain

Incoko

A mother brings her small child who complains of a headache to the hospital.

UThandi Molo Nkosikazi. Molo mntwan 'am. Khaningene. Ndingugqirha Thamsanqa. Hlalani phantsi. Nasi isitulo. Ngubani igama lakho, Nkosikazi?

UMama NdinguNonceba Majola.

UThandi Wena, mntwan'am, ngubani igama lakho?

Umntwana NguLindiwe.

UThandi Hayi, sukulila mntwan'am. Ungazikhathazi! Andizi kukwenzakalisa! Nanku unopopi. Ufuna ukumphatha? Heke, Nkosikazi, ndixelele, nize kusibona ngantoni apha esibhedlele?

UMama Hayi, yile ntawazana, gqirha.

UThandi Itheni?

UMama Iphethwe yintloko, gqirha. Enye into iyakhohlela. Ikhohlela kakhulu.

UThandi Mingaphi iminyaka yakhe?

UMama Mihlanu, gqirha.

UThandi Uliphethe ikhadi leNdlela eya eMpilweni?

UMama Ewe, nali.

- UThandi Kulungile. Heke, sana lwam, ndibonise, intloko ibuhlungu phi kanye? Ungandikhombisa na apho ibuhlungu khona intloko?
- ULindiwe Ibuhlungu apha, gqirha.
- UThandi Ubuhlungu umqala?
- ULindiwe Hayi.
- UThandi Zibuhlungu iindlebe?
- ULindiwe Ewe.
- UThandi Uvuza ezindlebeni umntwana wakho, Nkosikazi?
- UMama Ewe, gqirha.
- UThandi Uqale nini ukugula umntwana wakho, Nkosikazi?
- UMama Lusuku lwesithathu olu.
- UThandi Ndixelele, ukhe wamnika into yokudambisa iintlungu?
- UMama Ewe, ndimnike iiPanado kodwa azincedi tu.
- UThandi Wakhe wenzakala entloko ngaphambili, umntwana lo?
- UMama Hayi, gqirha.
- UThandi Wakhe wagula kakhulu ngaphambili?
- UMama Hayi, gqirha.
- UThandi Ingaba unazo ezinye iingxaki, lo mntwana?
- UMama Ewe gqirha, akakucacelanga ukutya.
- UThandi Kulungile, Nkosikazi. Ngoku, ndifuna ukumxilonga. Khawumkhulule umlalise apha ebhedini.

Isigama

isitulo	chair	mihlanu	they are five
sukulila	don't cry	uliphethe	did you bring it
ungazikhathazi	don't worry	ikhadi	card
andizi kukwenzakalisa	I won't hurt you	Indlela eya	Road to Health
unopopi	doll	eMpilweni	
-phatha	hold	(u)sana lwam	my baby
nize	you have come	-buhlungu	sore, painful
kusibona	to see us	-khombisa	point
ngantoni?	about what?	apho ... khona	where
yile ntawazana	it is this little one	umqala	throat
litheni?	what is it?	-vuza	discharge
-phethwe yintloko	have a headache	iindlebe	ears
-khohlela	cough	-qala	begin
mingaphi iminyaka yakhe	how old is she?	ukhe	did you ever
	(lit. they are how many her years?)	wamnika	give her
		-dambisa	alleviate

iintlungu	pain	wakhe wagula?	was she ever ill?
azincedi <i>tu!</i>	they didn't help <i>at all!</i>	ezinye iingxaki	other problems
wakhe wenzakala	did she ever hurt (her) head?	-cacela ukutya	have interest in food
entloko?		akakucacelanga	she has no appetite
ngaphambili	before	-xilonga	examine
lo	this	-khulula	undress
		-lalisa	let someone lie down

How to ...

Reassure someone

Musa ukuzikhathaza, (andizi kukwenzakalisa).

Sukuzikhathaza, (andizi kukwenzakalisa).

Ungazikhathazi, (andizi kukwenzakalisa).

Ask what's wrong with someone

Unantoni na?

Uphethwe yintoni?

Ugula yintoni?

Ukhala ngantoni ke?

Say what is wrong with you

Ndiyakhohlela.

Andikucacelanga ukutya.

Ndiyabhitya (I'm getting thin).

Wonke umzimba wam ubuhlungu

Ndinentloko. (lit. I have a **head**) i.e.

Ndinentamo. (lit. I have a **neck**) i.e.

Ndinendlebe. (lit. I have an **ear**) i.e.

Ndinomqala. (lit. I have a **throat**) i.e.

Ndinomqolo. (lit. I have a **spine**) i.e.

Ndineliso. (lit. I have an **eye**) i.e.

Ndinamehlo. (lit. I have **eyes**) i.e.

Ndinezinyo. (lit. I have a **tooth**) i.e.

Ndinesisu. (lit. I have a **stomach**) i.e.

My whole **body** is sore.

I have a **headache**.

I have a sore **neck**.

I have a sore **ear**.

I have a sore **throat**.

I have a sore **back**.

I have a sore **eye**.

I have sore **eyes**.

I have **toothache**.

I have a sore **stomach**.

Ndinesifuba.	(lit. I have a chest) i.e.	I have chest pain.
Ndinengalo.	(lit. I have an arm) i.e.	I have a sore arm .
Ndinegxalaba.	(lit. I have a shoulder) i.e.	I have a sore shoulder .
Ndinomnwe.	(lit. I have a finger) i.e.	I have a sore finger .
Ndinesandla.	(lit. I have a hand) i.e.	I have a sore hand .
Ndinomlenze.	(lit. I have a leg) i.e.	I have a sore leg .
Ndinonyawo.	(lit. I have a foot) i.e.	I have a sore foot .
Ndinozwane.	(lit. I have a toe) i.e.	I have a sore toe .
Ndinengqiniba.	(lit. I have an elbow) i.e.	I have a sore elbow .

Some idiomatic expressions incorporating parts of the body

Unesibindi	He/she is brave	(lit. to be with a liver)
Unentliziyo	He/she is kind	(lit. to be with a heart)
Unolwimi	He/she is a gossiper	(lit. to be with a tongue)
Unesandla	He/she is skilful	(lit. to be with a hand)
Unomlomo	He/she is a big talker	(lit. to be with a mouth)
Uneminwe emide	He/she is a thief	(lit. to be with long fingers)
Unomqolo	He/she is reliable	(lit. to be with a spine)
Ndipheni iindlebe	Listen carefully	(lit. give me your ears)
Ndicela izandla	I need help	(lit. I ask for hands)
Isandla sihlamba esinye	help each other	(lit. one hand washes the other)

Ask how old someone is

Uneminyaka emingaphi (ubudala = age)?

Mingaphi iminyaka yakho?

Wazalwa nini?

Characterise pain

Kuyatshisa.

It is **burning**.

Kuyaluma.

It is **colicky**. (lit. it bites)

Kuyaqaqamba.

It is **throbbing**.

Kuyahlaba.

It is **stabbing**.

Song

Thula thul' thula bhabha

Hush hush hush baby

(originally a Zulu song)

Thula thu' thula bhabha,	Hush, hush, hush baby,
thula sana,	Hush baby,
Thul' umam' uzobuya	Hush mother will come back
ekuseni,	in the morning,
Thula thu' thula bhabha,	Hush, hush, hush,
thula sana,	Hush baby,
Uzodhul' entaben'	She will cross the mountain
emathafeni,	and hills,
Kukhw'inkanyezi ekhokhel'	There is a star that leads
ubaba	the father
Emkhanyisela indlel' eziy' ekhaya.	Lighting his path coming home.
Sobe sikhona xa bonke	It will be there when they all
betshoyo,	say so,
Bethi buyela ubuyel'	Saying return, return,
uzekhaya.	and come home.
Thula, thu', thula bhabha	Be quiet, be quiet, be quiet, baby
Ungakhali, thula sana,	Don't cry, be quiet, baby,
Thula, thu' thula, thul' mntwana.	Be quiet, be quiet, be quiet, child
Thula bhabha, thula sana.	Be quiet baby, be quiet baby.

How it works

1 Descriptives used as predicates

Relatives

The most commonly used relative stems are those conveying ideas of taste, degrees of warmth, heaviness, etc., and include the colours (cf. Unit 6.2):

Some opposites

easy	-lula	difficult	-nzima
light	-lula	heavy	-nzima
expensive	-dulu	cheap	-tshiphu
bitter	-krakra	sweet	-mnandi

blunt/rounded-	-ngqukuva	pointed	-tsolo
wide	-banzi	narrow	-mxinwa

Miscellaneous

better	-bhelele / -ngcono	dark	-mdaka
deep	-nzulu	hot	-shushu
innocent	-msulwa	lukewarm	-dikidiki
nice	-mnandi	painful	-buhlungu
sad	-lusizi	sharp	-bukhali

It is very easy to use relatives as predicates. Simply prefix the relevant subject concord to the relative stem:

Ndilusizi.	I am sorry. (lit. I sorry)
Ulusizi?	Are you sad?
Ibuhlungu intloko?	Is (your) head sore?

Adjectives

When adjectives are used as **predicates**, the adjectival concord **minus its initial vowel** is prefixed to the adjectival stem except in Class 9 nouns where the adjectival concord 'en-' > 'in-':

AC	AC minus initial vowel	
om-	Mhle umntwana.	The child <i>is</i> beautiful.
aba-	Bahle abantwana.	The children <i>are</i> beautiful.
om-	Mkhulu umsebenzi.	The task <i>is</i> huge.
emi-	Mikhulu imisebenzi.	The tasks <i>are</i> huge.
eli-	Libhe izulu.	The weather <i>is</i> beautiful.
ama-	Mahle amazinyo.	The teeth <i>are</i> beautiful.
esi-	Sincinci isandla.	The hand <i>is</i> small.
ezi-	Zincinci izandla.	The hands <i>are</i> small.
en-	Inkulu ipilisi.	The pill <i>is</i> big.
ezin-	Zinkulu ipilisi.	The pills <i>are</i> big.
olu-	Lukhulu usana.	The baby <i>is</i> big.
obu-	Bude ubusika.	The winter <i>is</i> long.
oku-	Kutsha ukutya.	The food <i>is</i> fresh.

Note: When adjectives are used predicatively the preferred word order seems to be adjective followed by noun.

With the 1st and 2nd persons singular and plural (I, we, you), the adjectival concords '-m-' and '-ba-' are placed between the subject concord and the adjectival stem:

Ndimdala.	I am old .	Umtsha	You are young .
Sibadala.	We are old .	Nibatsha.	You are young .

→ See Unit 15.5 for **negative** of adjectives and relatives.

In order to express 'still' with descriptives such as relatives and adjectives, '-se-' as opposed to '-sa-' (which is used with verbs) is placed between the subject and adjectival concords:

Usemtsha.	You are still young.
Luseluncinci usana.	The baby is still small.
Basebahle abafazi.	The women are still beautiful.
Ubisi luselutsha.	The milk is still fresh.

'-Se-' can also be used with other non-verbs:

Usesesibhedlele umntwana.	The child is still in hospital.
Usekhona ugqirha.	The doctor is still here.

In the **negative** '-se-' means '**no longer**':

Hayi, ugqirha akasekho.	No, the doctor is no longer there.
-------------------------	---

2 Equivalent of 'and' between verbs

In Unit 2.9, you learnt that **nouns** are connected by 'na-':

abazali nabantwana:	parents and children
---------------------	-----------------------------

However, when **two verbal forms** follow one another, the second verb ends in '-e' to indicate consequential action (sequential):

Mkhulule umlalise ebhedini.	Undress her and lie her down on the bed.
Iintlungu zifika zimke?	Does the pain come and go?

Note: *iintlungu* = physical pain(s) always in the plural form.

3 Equivalent of the English adverbs 'already', 'always', 'ever', 'never', 'nearly', 'usually'

These English adverbs are expressed in Xhosa by so-called **auxiliary** (helping) verbs:

'-khe' = 'ever'

Wakhe wenzakala intloko ngaphambili?	Did she ever hurt her head before?
Wakhe wagula kakhulu ngaphambili?	Was she ever very sick before?
Wakhe wambona ngaphambili?	Have you ever seen <i>him</i> before?

'-sele(-)', often shortened to '-sel / se-' = 'already'

Sekwanele!	It's all over! (lit. It's already enough)
------------	--

'-soloko' = 'always'

Intloko isoloko ibuhlungu?	Is your head always sore?
----------------------------	----------------------------------

'-zange' / '-khangе' = 'never'

Akazange wagula.	She has never been sick. (cf. Unit 7.4)
Andizange ndatsho.	I never said so.
Zange sabonana.	We've never met.
Khange atsho.	He never said so.
Khange ndikubone ixesha elide.	I haven't seen <i>you</i> for a long time.

'-soze' = 'shall' / 'will never'

Uxolo, andisoze ndiphinde.	Sorry, I'll never do it again.
Soze ndisele kwakhona.	I'll never drink (alcohol) again.

'-phantse' = 'nearly'

Yhu, ndiphantse ndawa!	Oops, I nearly fell!
------------------------	-----------------------------

'-dla ngoku-' = 'usually', 'frequently'

Udla ngokugula ebusika.	He/she is frequently ill in winter.
-------------------------	--

4 Different ways of saying 'why?'

When Thandi asked Mrs Majola **why** she had come to hospital she said: Nize kusibona ngantoni apha esibhedlele? (lit. You have come to see us **for what** here at the hospital?). Here are three of the several other ways of expressing '**why?**' in Xhosa:

'Kutheni'

Unlike other interrogatives **'kutheni'** introduces a question:

Kutheni ungandixelelanga?	Why didn't you tell me?
Kutheni ufunda isiXhosa?	Why are you learning Xhosa?

'-elani' / '-eleni' (lit. 'what for?')

Usifundelani isiXhosa?	Why <u>do</u> you learn Xhosa?
Usifundeleni isiXhosa?	Why <u>did</u> you learn Xhosa?

'ngo(ku)ba'

Ufunda isiXhosa ngoba ?	Why are you learning Xhosa?
--------------------------------	------------------------------------

5 Another interrogative: '-phi?' = 'which?'

You are already familiar with **'-phi?'** = **'where?'** which is prefixed by the subject concord:

Uphi umntwana?	Where (is) the child ?
Baphi abantwana?	Where (are) the children ?

However, **'-phi?'** can also mean **'which?'**:

Wuphi umntwana?	Which child ?
Baphi abantwana?	Which children ?

In the so-called **'strong'** classes, i.e. where the subject concord consists of a consonant and a vowel (ba-, li-, si-, zi-, lu-, bu-, ku-) **only tone distinguishes the two interrogatives:**

'where?' = high tone	'which?' = low tone
-----------------------------	----------------------------

Where the subject concord consists of a vowel only (in the so-called **'weak'** classes), **'w-'** or **'-y-'** is prefixed to the subject concord:

Uphi umandlalo?	Where is the bed ?
Wuphi umandlalo?	Which bed ?
Iphi imandlalo?	Where are the beds ?
Yiphi imandlalo?	Which beds ?
Aphi amayeza?	Where are the medicines ?
Waphi amayeza?	Which medicines ?
Iphi incwadi?	Where is the book ?
Yiphi incwadi?	Which book ?

Besides this **basic form** there is also a longer, more specific form (prefixing o- / a- / e-), with the meaning **'which particular'**. It seems to be preferred in everyday speech, possibly to distinguish between the meaning **'where?'** and **'which?'**:

Wuphi umntwana?	Which child ?
Qwuphi umntwana?	Which particular child ?
Baphi abantwana?	Which children ?
Abaphi abantwana?	Which children ?
Wuphi umandlalo?	Which bed ?
Qwuphi umandlalo?	Which bed ?
Yiphi imandlalo?	Which beds ?
Eyiphi imandlalo?	Which beds ?
Liphi ikhadi?	Which card ?
Eliphi ikhadi?	Which card ?
Waphi amayeza?	Which medicines ?
Awaphi amayeza?	Which medicines ?
Siphi isibhedlele?	Which hospital ?
Esiphi isibhedlele?	Which hospital ?
Ziphi izikolo?	Which schools ?
Eziphi izikolo?	Which schools ?
Yiphi ipilisi?	Which pill ?
Eyiphi ipilisi?	Which pill ?
Ziphi iincwadi?	Which books ?
Eziphi iincwadi?	Which books ?
Luphi usiba?	Which pen ?
Oluphi usiba?	Which pen ?
Kuphi ukutya?	Which food ?
Okuphi ukutya?	Which food ?

When **nga- / ku- / na-** are prefixed to this form it makes the **'string'** even longer.

Wazalwa ngowuphi unyaka?
Uya kwesiphi isibhedlele?
Ufuna ukuthetha nowuphi ugqirha?

How to apply it

1 Give the plurals

iliso	umlenze
indlebe	unyawo
ingalo	uzwane
isandla	izinyo
umnwe	idolo (knee)

2 Questions and responses

You meet a friend whose child has been ill. In order to complete the conversation, translate your questions and responses into Xhosa:

- (a) *How is your child? Is she still in hospital?*
Hayi, ubhetele kancinci, akasekho sibhedlele.
- (b) *I am sorry that she is only a little better, but I am glad that she is at home again.*
Ndikhathazeka kakhulu kuba akakucacelanga ukutya. Ubhityile.
- (c) *What did the doctor say?*
Undinike iyeza, kodwa ngelishwa alisebenzi.
- (d) *Let's hope she will soon be well again.*
Hayi, sithemba njalo.

3 Read the dialogue and answer the questions

- UZodwa Molo, Nomsa.
UNomsa Molo sisi. Uphila njani?
UZodwa Hayi, akukho nto. Wena?
UNomsa Awu, mna, andiphilanga.
UZodwa Awu, ukhangeleka ugula ngenene. Ugula yintoni?
UNomsa Ndineflu. Intloko ibuhlungu. Ndinefiva.
UZodwa Kufuneka ugoduke uphumle ebhedini. Ubuyile kugqirha?
UNomsa Ewe, undiphe amayeza. Ndiyathemba ukuba aza kusebenza ngokukhawuleza.
UZodwa Nam, ndithemba njalo. Ngubani oza kukugcina ekhaya?
UNomsa Usisi uza kundigcina.
UZodwa Kulungile. Ndiyathemba ukuba uza kuphila kamsinyane kwakhona. Hamba kakuhle.
UNomsa Enkosi. Kamnandi.

-buya	return	-gcina	look after
-------	--------	--------	------------

Which of the following Xhosa words can replace the 'xhosalised' English words:

- | | | |
|--------------------------|-------------|-------|
| (a) umkhuhlane | can replace | _____ |
| (b) ubushushu | can replace | _____ |
| (c) umandlalo (lit. mat) | can replace | _____ |
| (d) udadewethu | can replace | _____ |

4 Read the dialogue

- UNokhaya Hi Xoliswa.
UXoliswa Molo wethu. Ndiyakubona uphilile, Nokhaya. Banjani ekhaya?
UNokhaya Oo, umama yena akaphilanga *tu*.
UXoliswa Kwenzekeni?
UNokhaya Uwile ebasihla iziteps. Ugqirha umthumele esibhedlele kwangoko.
UXoliswa Oo, nkosi yam! Ndilusizi kakhulu.
UNokhaya Ewe, waphuka umlenze, usesibhedlele ndithetha nje (as I speak).
UXoliswa Ndiyathemba ukuba uza kuchacha ngokukhawuleza. Khawundibulisele kumama wakho.
UXoliswa Enkosi. Hamba kakuhle.

-wa	fall	-aphuka	break
ebasihla	going down	-chacha	recover
iziteps	steps	-khawundibulisele	please greet from me
-thumela	send to		

Imagine you are visiting Nokhaya's mother in hospital. How would you:

- (a) greet her (you are younger)?
(b) ask her how she is today?
(c) say you are sorry that she is in hospital and ill?
(d) ask whether you can help her with something?
(e) ask whether she is in pain?
(f) wish her a speedy recovery?
(g) say goodbye?

5 Match the following appropriately

Use these phrases: (a) isifuba sibuhlungu phi kanye?, (b) kuba utya kancinci gqitha, (c) ulale apha ebhedini, (d) xa ukhohlela?, (e) andazi kukwenzakalisa and (f) nasi isitulo.

- | | |
|------------------------------|----------------------|
| 1 Hlala phantsi | 4 Khawukhulule |
| 2 Isifuba sibuhlungu kakhulu | 5 Ndicela undibonise |
| 3 Wena uyabhitya | 6 Ungazikhathazi |

6 Put the sentences in the right sequence

- Lifuna ukubona ugqirha kuba linesisu.
- Emva koko uthi: Nanzi iipilisi. Zitye kathathu ngemimi emva kokutya.
- Ixhegokazi elithile liya ekiniki.
- Isisu sibuhlungu kakhulu.
- Heke gqirha, Ndiza kuzitya iipilisi, kodwa ngubani oza kundinika ukutya?
- Ugqirha uyalixilonga.

kathathu	three times	-thile	certain
emva kokutya	after meals (lit. after eating / food)	ukutya iipilisi	take pills
ixhegokazi	old woman		

7 Say

- He is brave.
- She is very kind.
- They are very reliable.
- He is a big talker.
- She is very skilful.

8 Give the literal meaning for the idiomatic expressions

- Unesandla esibandayo
(He/she is stingy.) _____
- Unesandla esishushu
(He/she is generous.) _____
- Unika ngentliziyo entle
(He/she gives gladly.) _____

- Unentliziyo emhlophe
(He/she has a kind heart.) _____
- Unamadolo anzima?
(Are you exhausted?) _____

9 Translate the following

- Intliziyo yam ibuhlungu. _____
- Unentliziyo emdaka/emnyama. _____
- Unentliziyo emsulwa. _____

10 Complete the questions

- Wena, uthetha ___phi ulwimi ekhaya?
- Ufunde ___phi iilwimi esikolweni?
- Ufunde n___nye iilwimi eyunivesithi okanye kw___nye ilizwe?
- Ukhetha ukuthetha ___phi ulwimi?
- Ndixelele, wazalwa ng___phi unyaka?
- Wazalwa ng___phi inyanga?
- Wazalwa ng___phi imini?
- Wazalelwa kw___phi ilizwe?
- Wazalelwa kw___phi idolophu?
- Ufunde kw___phi isikolo?
- Waphuma kw___phi ibanga (standard)?
- Ufunde kw___phi iyunivesithi?

9 | UPeter emsebenzini eKirstenbosch

Peter at work at Kirstenbosch

In this Unit you will learn how to:

- introduce someone you work with
- point or single out
- say what a place is famous for
- encourage environmentally friendly practices
- request that appropriate etiquette be observed in public places
- say what the best is

6, Incoko

Peter introduces his colleague Phumla Bongela to a group of school children who will tell them about two vital projects that Kirstenbosch is involved in.

UPeter Molweni bafundi. Namkelekile *eKirstenbosch!* Igama lam nguPeter Murray. Lo nguNkosikazi Phumla Bongela, endisebenza naye. Sobabini siziingcaphephe zezityalo apha *eKirstenbosch*.

UNkosikazi Bongela uza kunixelela ngeegadi ezinolondolozo-manzi ne*Outreach Gardening Project*. Le nkqubo yaqalwa ukuze sincede izikolo ukuseka iigadi ezifanelekileyo.

Kodwa kuqala ndiza kuthi *gqaba-gqaba* nge*Kirstenbosch*. UNkosikazi Bongela uza kunika umfundi ngamnye imaphu yase*Kirstenbosch*. Le gadi idume kulo lonke ihlabathi ngobuhle. Yasekwa ngo-1913. Ithandeka kakhulu ngenxa yenkitha yezityalo zaseMzantsi Afrika.

Jongani nje lo mfanekiso othathwe e*Chelsea Flower Show* yaseLondon apho i*Kirstenbosch* yazuza izidanga ezininzi khona iminyaka ngeminyaka.



Isigama

endisebenza naye	with whom I work	idume kulo lonke	it is famous all
sobabini	both of us	ihlabathi	over the world
iigadi	gardens	ubuhle	beauty
ezinolondolozo-manzi	which save water	yasekwa	it was established
le nkqubo	this project	-thandeka	be popular
yaqalwa	was started	inkitha yezityalo	collection of plants
ukuseka	to establish	jongani nje	just look at
ezifanelekileyo	suitable	lo mfanekiso	this picture
kuqala	firstly	othathwe	which was taken
<i>gqaba-gqaba</i>	a bit about (lit. here and there)	yazuza	it won
		izidanga	medals
umfundi ngamnye	each pupil	iminyaka	year(s) after
imaphu	map	ngeminyaka	year(s)



Flower muti: Traditional healer, Elliott Ndlovu, from the Drakensberg foothills, brought a little magic to London's world-famous Chelsea Flower Show this week. South Africa's Syfrets-Kirstenbosch exhibit depicted a botanical representation of the R6-million conservatory at Kirstenbosch as well as a traditional healer's hut, with Ndlovu in his traditional attire (which impressed the Queen). The stand won a silver gilt medal for its efforts – its 22nd medal in its 22 years at the show.

Iindlela ezintandathu zokulondoloza amanzi

1

Tyala izityalo ezingafuni manzi maninzi

(Plant plants which do not require a lot of water)

2

Wulungise umhlaba ngokufaka isivundiso ukuze ukwazi ukuwagcina amanzi

(Prepare the soil by putting in compost so that it is able to retain water)

3

Wugqume umhlaba phakathi kwezityalo ngezinto ezigcina ukufuma emhlabeni – umzekelo umgquba

(Cover the soil between plants with material that will keep the moisture in the soil – for example, compost)

4

Zahlule izityalo ngokweemfuno zazo zamanzi

(Group plants according to their watering needs)

5

Yityale ingca kuphela apho kuyimfuneko khona


(Plant grass only where needed)

6

Nkcenkceshela ngokufanelekileyo kunjalo nje xa kuyimfuneko

(Water appropriately according to need only)

Phumla gives each pupil a map of Kirstenbosch and takes them on the tour of the gardens starting with the waterwise garden. She asks them to read the information boards that explain how to establish an environmentally friendly waterwise garden.





The Kirstenbosch Outreach Bus sponsored by the Anglo-American and De Beers Chairman's Fund.

(Photographs courtesy National Botanical Gardens, Kirstenbosch)

They go on a tour of the gardens after which Phumla tells the pupils that she will be coming to their school shortly to help them establish their own waterwise garden.

UPhumla Heke, bafundi, ndiza kunityelela esikolweni ukuze siqale igadi enolondolozo-manzi. Mna, ndiza kuzisa izityalo nezixhobo zegadi, kodwa ndifuna ukuba nina nithabathe inxaxheba kulo msebenzi ngokuzama ukulungisa umhlaba esikolweni.

Abafundi Siyenza njani, loo nto, Nkosikazi?

UPhumla Eyona ndlela ilungileyo kukuqala ngokwenza umgquba. Ningaqala ngokuqokelela inkunkuma yekhitshi. Umzekelo, amaxolo emifuno, amaqokobhe amaqanda, amagqabi, amathambo kunye nengca esikiweyo neentyatyambo ezifileyo neentsiba nothuthu lweenkuni. Kodwa ningazifaki iitoti, iiplastiki okanye amaphepha.

Ndiza kutyeelela esikolweni senu kwiveki ezayo. Siza kukhetha indawo efanelekileyo senze umgquba kuyo. De kube ngoko, ningafaka yonke into eniyiqokeleleyo kwezi ngxowa.

Heke, bafundi, ndiyanibulela ngokumamela ngenyameko engaka. Nibe nepikiniki emnandi ke ngoku, kodwa ndicela niyigcine icocekile igadi. Ningalibali ukuchola onke amaphepha phambi kokuba nihambe niwafake emigqomeni yenkunkuma. Hambani kakuhle. Sobonana kwiveki ezayo.

Isigama

-zisa	bring	-faka	put in
izixhobo zegadi	garden implements	iitoti	tins
thabatha inxaxheba	take part	amaphepha	papers
kulo msebenzi	in this work	kuyo	in it
-lungisa	prepare	de kube ngoko	until then
umhlaba	soil	ezi ngxowa	these bags
eyona ndlela	the best way	eniyiqokeleleyo	which you've collected
ilungileyo			
umgquba	compost	-mamela	listen
qokelela	collect	ngenyameko	with such attention
inkunkuma	waste, garbage	engaka	attention
amaxolo emifuno	vegetable peels	nibe nepikiniki	have a nice picnic
amaqokobhe amaqanda	egg shells	emnandi	picnic
amagqabi	leaves	-gcina	keep
amathambo	bones	-cocekile	clean
kunye na-	together with	-chola	pick up
ingca esikiweyo	grass cuttings	phambi kokuba	before
iintyatyambo ezifileyo	dead flowers	nihambe	you leave
iintsiba	feathers	imigqomo	rubbish
uthuthu lweenkuni	ash (of wood)	yenkunkuma	bins



A traditional healer or herbalist – (ixhwele)

Examples of indigenous plants with medicinal properties used in traditional practice

isicakathi

agapanthus

Used in ante-natal and post-natal medicine

umhlonyane

African wormwood

One of the most widely used traditional medicines in South Africa. Used for treating coughs, colds and influenza, fever, loss of appetite, colic, headache, earache, malaria and intestinal worms

incwadi

bushman poison bulb

Used as dressing after circumcision and for treating boils and septic wounds, to treat corns, warts, earache and toothache

ubuvuma

winter cherry

Mainly used for wound healing, abscesses, haemorrhoids and rheumatism

umhlaba

bitter aloe

Used as a laxative but also for arthritis, eczema, conjunctivitis, hypertension and stress

imphewula

pig's ear

Another plant widely used to treat corns, warts, earache and toothache

impepho

everlastings

Used for wound dressings, coughs, colds, fever, infections, headache and menstrual pain

umhlabavuthwa

thornapple

Used prolifically to relieve asthma and reduce pain

How to ...

Introduce someone you work with

Lo nguNkosikazi _____ / Lo nguMnumzana _____
endisebenza naye. / Sisebenza kunye.

Ndingakwazisa uNkosikazi _____ / Mnumzana _____
endisebenza naye.

Mandikwazise uNkosikazi _____ / Mnumzana _____
endisebenza naye.

Ndingathanda udibane noNkosikazi _____ noMnumzana _____
endisebenza nabo.

Point out / single out

Lo nguNkosikazi Bongela.

Le nkqubo yaqalwa ukuze sancede izikolo.

Le gadi idume kulo lonke ihlabathi.

Lo mfanekiso wathathwa eChelsea Flower Show yaseLondon.

Say what a place is renowned for

Le gadi idume ngobuhle.

Le gadi idume ngenxa yenkitha yezityalo enazo.

Le gadi idume ngemiboniso yezityalo.

Encourage environmentally friendly practices

Tyala izityalo ezingafuni manzi maninzi.

Wulungise umhlaba ngokufaka isivundiso ukuze ukwazi ukuwagcina amanzi.

Wugqume umhlaba phakathi kwezityalo ngezinto ezigcina ukufuma emhlabeni.

Zahlule izityalo ngokufuna kwazo amanzi.

Yityale ingca kuphela apho kuyimfuneko khona.

Nkcenkceshela ngokufanelekileyo kunjalo nje xa kuyimfuneko.

Wenze umgquba ngokuqokelela inkunkuma ekhitshini.

Say what the best is

Eyona ndlela ilungileyo ...

Eyona ndawo ilungileyo ...

Eyona xesha lilungileyo ...

Request that appropriate etiquette is observed in a public place

Ndicela nicine igadi iccekile.

Ningalibali ukuchola onke amaphepha phambi kokuba nihambe niwafake emigqomeni yenkunkuma.



How it works

1 Possessives of Class 1a

In Unit 5.2, you learnt that **possessive relationship** in Xhosa is expressed by means of a **possessive concord** (equivalent to English 's or of) for Classes 1–15, e.g.:

umsebenzi wengcaphephe yezityalo
(< *umsebenzi wa-* + *ingcaphephe*)

However, with nouns of **Class 1a**, i.e. proper names and kinship terms, relationships, 'ka-' is used:

umsebenzi kaPeter Peter's job

If you look at the map of Kirstenbosch in this Unit you will find the following examples:

/BHAFU KAKOLONELI BIRD (Colonel Bird's bath)

/HEJI KAVAN RIEBEECK (van Riebeeck's hedge)

'bhafu' and 'iheji' (possesseees) are Class 9 nouns. Like nouns of Classes 1, 3, 4 and 6 (*um-*, *imi-*, *ama-*) they are **weak class nouns**.

However, when the noun possessed belongs to a strong class, its subject concord is prefixed to 'ka-'. You will also see an example of this construction on the map:

ISANGO LIKARYCROFT (Rycroft's entrance/gate)

'Isango' is a strong Class 5 noun.

2 The equivalent of English 'each'

This is formed by 'nga-' + *adjectival concord** + '-nye' (one):

<i>umfundi ngamnye</i>	each student
<i>umthi ngamnye</i>	each tree
<i>isityalo ngasinye</i>	each plant
<i>intyatyambo nganye</i>	each flower
<i>uludwe ngalunye</i>	each list
<i>ubusika ngabunye</i>	each winter

→ *cf. Unit 8.1.

3 Emphatic pronouns referring to the 3rd person

You are already familiar with the **emphatic pronouns** referring to the 1st and 2nd persons, i.e., 'mna,' 'thina,' 'wena,' 'nina', (→ Unit 3.2).

The pronouns for the **3rd person** (Classes 1-15) usually follow the noun they emphasise:

<i>uPeter</i>	<i>yena</i>	Peter , as for him
<i>abafundi</i>	<i>bona</i>	the pupils , as for them
<i>umsebenzi</i>	<i>wona</i>	the job , as for it
<i>imisebenzi</i>	<i>yona</i>	the jobs , as for them,
<i>igqwetha</i>	<i>lona</i>	the lawyer , as for him / her
<i>amagqwetha</i>	<i>wona</i>	the lawyers , as for them
<i>isithethi</i>	<i>sona</i>	the speaker , as for him / her
<i>izithethi</i>	<i>zona</i>	the speakers , as for them
<i>intatheli</i>	<i>yona</i>	the journalist , as for him / her
<i>iintatheli</i>	<i>zona</i>	the journalists , as for them
<i>undwendwe</i>	<i>lona</i>	the guest , as for him / her
<i>iindwendwe</i>	<i>zona</i>	the guests , as for them
<i>ubusika</i>	<i>bona</i>	winter , as for it,
<i>ukutya</i>	<i>kona</i>	the food , as for it

When the **emphatic pronoun** is used with 'na-'= 'have' / 'with', the shortened form (i.e. without '-na') is used:

<i>Unaye umncedisi?</i>		Do you have an assistant?
<i>Ewe, ndinaye.</i>		Yes, I have one.
<i>Hayi, andinaye.</i>		No, I don't have one.
<i>Unabo abancedisi?</i>	<i>Ewe, ndinabo.</i>	<i>Hayi, andinabo.</i>
<i>Unawo umhlakulo?</i>	<i>Ewe, ndinawo.</i>	<i>Hayi, andinawo.</i>
<i>Unayo imihlakulo?</i>	<i>Ewe, ndinayo.</i>	<i>Hayi, andinayo.</i>
<i>Unalo ixesha?</i>	<i>Ewe, ndinalo.</i>	<i>Hayi, andinalo.</i>
<i>Unawo amanzi?</i>	<i>Ewe, ndinawo.</i>	<i>Hayi, andinawo.</i>
<i>Unaso isityalo?</i>	<i>Ewe, ndinaso.</i>	<i>Hayi, andinaso.</i>
<i>Unazo izityalo?</i>	<i>Ewe, ndinazo.</i>	<i>Hayi, andinazo.</i>
<i>Unayo igadi?</i>	<i>Ewe, ndinayo.</i>	<i>Hayi, andinayo.</i>
<i>Unazo iintyatyambo?</i>	<i>Ewe, ndinazo.</i>	<i>Hayi, andinazo.</i>
<i>Unalo uludwe? (list)</i>	<i>Ewe, ndinalo.</i>	<i>Hayi, andinalo.</i>
<i>Unako ukutya?</i>	<i>Ewe, ndinako.</i>	<i>Hayi, andinako.</i>

The **emphatic pronoun** can also be used with prepositions 'ku-' / 'nga-'

Kulungile kuwe? Ewe, kulungile kum. Ndixelele ngawe.
Kukuwe! (It is up to you!)

4 Superlative pronouns + '-lungileyo' = 'the best'

Superlative pronouns are formed by prefixing the relative elements 'o-', 'e-', or 'a-' (cf. Unit 6.2) to the emphatic pronoun:

<i>oyena</i>	<i>mntu</i>	<i>ulungileyo</i>	the best person
<i>abona</i>	<i>bantu</i>	<i>balungileyo</i>	the best people
<i>owona</i>	<i>mthi</i>	<i>ulungileyo</i>	the best tree
<i>eyona</i>	<i>mithi</i>	<i>ilungileyo</i>	the best trees
<i>elona</i>	<i>xesha</i>	<i>lilungileyo</i>	the best time
<i>awona</i>	<i>manzi</i>	<i>alungileyo</i>	the best water
<i>esona</i>	<i>sityalo</i>	<i>silungileyo</i>	the best plant
<i>ezona</i>	<i>zityalo</i>	<i>zilungileyo</i>	the best plants
<i>eyona</i>	<i>nto / ndawo</i>	<i>ilungileyo</i>	the best thing / place
<i>ezona</i>	<i>ntyatyambo</i>	<i>zilungileyo</i>	the best flowers
<i>okona</i>	<i>kutya</i>	<i>kulungileyo</i>	the best food

Superlative pronouns can be used with any descriptive to form the equivalent of the **English superlative**:

<i>eyona ndlela ilula</i>	the easiest way
<i>owona mbuzo unzima</i>	the most difficult question

Note: The omission of the initial vowel of the noun after a superlative (and a demonstrative) results in a change of the concord of descriptives (adjectives and relatives):

<i>Ungumntu olungileyo.</i>	He / she is a good person.
<i>Oyena mntu ulungileyo</i>	The very best person

This principle also applies with **demonstratives**.

<i>Yigadi entle!</i>	<i>It is</i> a beautiful garden!
<i>Le gadi intle iseKapa.</i>	<i>This beautiful</i> garden is in Cape Town.

To express 'it is / they are' before a **superlative**, prefix the copulative (cf. Unit 4.1):

<i>liCycad zezona zityalo zidala egadini yeKirstenbosch.</i>	Cycads are the oldest plants in Kirstenbosch gardens.
--	---

5 Demonstratives

As is the case in English, when pointing out people or objects, there are **three sets of demonstratives** in Xhosa corresponding to 'this' / 'these'; 'that' / 'those'; 'that over there' / 'those over there'.

Nouns preceded by a **demonstrative** lose their **initial vowel**:

Ngubani <i>lo mntu</i> ?	Who is <i>this</i> person?
Ngubani <i>loo mntu</i> ?	Who is <i>that</i> person?
Ngubani <i>laa mntu</i> ?	Who is <i>that person over there</i> ?

As usual, each noun class has its corresponding form. It is interesting to note that the form of the **1st set of demonstratives** 'this' / 'these' corresponds to the relative concords in the 'strong' classes (cf. Unit 6.2) with 'I' added in the 'weak' classes.

1st set of demonstratives

'Weak' classes

<i>lo</i>	<i>mntu</i>	<i>this</i> person
<i>lo</i>	<i>mthi</i>	<i>this</i> tree
<i>le</i>	<i>mithi</i>	<i>these</i> trees
<i>la</i>	<i>magqabi</i>	<i>these</i> leaves
<i>le</i>	<i>nto</i>	<i>this</i> thing

'Strong' classes

<i>aba</i>	<i>bantu</i>	<i>these</i> people
<i>eli</i>	<i>sango</i>	<i>this</i> gate
<i>esi</i>	<i>sityalo</i>	<i>this</i> plant
<i>ezi</i>	<i>zityalo</i>	<i>these</i> plants
<i>ezi</i>	<i>zinto</i>	<i>these</i> things
<i>olu</i>	<i>londolozo-manzi</i>	<i>this</i> water conservation
<i>obu</i>	<i>butyebi</i>	<i>this</i> resource
<i>oku</i>	<i>kulondolozamanzi</i>	<i>this</i> saving (of) water

These **demonstratives** can be used **before** the noun, e.g.

Le gadi idumile (initial vowel of the noun omitted);
after the noun for **emphasis**, e.g. *Idumile igadi le* (initial vowel of the noun retained);

without a noun, e.g. *Le idumile*.

2nd set of demonstratives

'Weak' classes

	<i>mntu</i>	<i>that</i> person
	<i>mthi</i>	<i>that</i> tree
<i>loo</i>	<i>mithi</i>	<i>those</i> trees
	<i>manzi</i>	<i>that</i> water
	<i>nto</i>	<i>that</i> thing

Note: The full forms of the demonstratives of these nouns are *lowo* (Classes 1 and 3); *leyo* (Classes 4 and 9) and *lawo* (Class 6). They are normally used **after the noun** for emphasis:

Yinto enomdla *leyo* It is an interesting thing *that*

'Strong' classes

<i>abo</i>	<i>bantu</i>	<i>those</i> people
<i>elo</i>	<i>xesha</i>	<i>that</i> time
<i>eso</i>	<i>sityalo</i>	<i>that</i> plant
<i>ezo</i>	<i>zityalo</i>	<i>those</i> plants
<i>ezo</i>	<i>zinto</i>	<i>those</i> things
<i>olo</i>	<i>hlobo</i>	<i>that</i> way
<i>obo</i>	<i>butyebi</i>	<i>that</i> resource
<i>oko</i>	<i>kutya</i>	<i>that</i> food

(cf. *Apho* = there)

3rd set of demonstratives

'Weak' classes

	<i>mntu</i>	<i>that</i> person <i>over there</i>
	<i>mthi</i>	<i>that</i> tree <i>over there</i>
<i>laa</i>	<i>mithi</i>	<i>those</i> trees <i>over there</i>
	<i>maphepha</i>	<i>those</i> papers <i>over there</i>
	<i>ndawo</i>	<i>that</i> place <i>over there</i>

Note: As is the case with the 2nd set of demonstratives in the weak classes, there is a full form: *lowa* (Classes 1 and 3); *leya* (Classes 4 and 9) and *lawa* (Class 6). Like those of the 2nd set they are normally used **after the noun** for emphasis.

'Strong' classes

<i>abaa</i>	<i>bantu</i>	<i>those</i> people <i>over there</i>
<i>elaa</i>	<i>sango</i>	<i>that</i> gate <i>over there</i>

<i>esaa</i>	<i>sityalo</i>	<i>that plant over there</i>
<i>ezaa</i>	<i>zityalo</i>	<i>those plants over there</i>
<i>ezaa</i>	<i>zinto</i>	<i>those things over there</i>
<i>olaa</i>	<i>ludwe</i>	<i>that list over there</i>
<i>obaa</i>	<i>busi</i>	<i>that honey over there</i>
<i>okwaa</i>	<i>kutya</i>	<i>that food over there</i>

Note: The strong classes of the 3rd position also have full forms: *abaya* (Class 2), *eliya* (Class 5), *esiya* (Class 7), *eziya* (Classes 8 and 10), *oluya* (Class 11), *obuya* (Class 14) and *okuya* (Class 15). (Cf. 'phaya' = over there).

6 Another conjunction – 'ukuze' 'in order to'

'Ukuze' is a **conjunction** that must be followed by a verb ending in *-e* (subjunctive) (cf. **Unit 4.5** and **Unit 8.2**):

Le nkqubo yaqalwa ukuze	This project was started to help
sancedise izikolo ukuseka iigadi.	the schools establish gardens.
Qokelela inkunkuma yekhitshi	Collect kitchen waste
ukuze wenze umgquba.	to make compost.

As you can see from the translations, Xhosa uses this construction where English simply uses the infinitive. However, it is interesting to note that now and again one comes across examples where the infinitive is used where one would expect the subjunctive:

'Kubaluleke kakhulu **ukuncenkceshela** ngendlela efanelekileyo.'

It is very important **to water** in an appropriate manner.

This sentence is taken from Iigadi Ezinolondolozo-manzi ('Waterwise Gardening'), a brochure published by the Department of Water Affairs, Pretoria.

The brochure and others can be obtained, free of charge, from Kirstenbosch, where you will also have many opportunities to test your knowledge of Xhosa by trying to read the plant information boards.



How to apply it

1 Complete the questions by filling in the appropriate link

- Iphi i-ofisi _____ Nkosikazi Bongela?
- Liphi isango _____ Rycroft?
- Abafundi _____ Peter bafika nini?
- Umsebenzi _____ Peter unomdla na?
- Inkqubo _____ Phumla inempumelelo (success) na?

2 Give the literal translation of this idiomatic expression used to express 'hoping in vain'

Kukuza kukaNxele _____


Nxele, a Xhosa chief, is considered to be South Africa's first 'freedom fighter'. His attempt to destroy the new settlement of Grahamstown in 1819 led to his imprisonment on **Robben Island**. In 1820, when trying to escape he drowned but many of his followers did not believe that he was dead and waited in vain for his return.

3 Reading and understanding

Here is some information about *Abalimi Bezekhaya*, a community-based greening and food gardening project. Consult the Xhosa-English vocabulary list for help in understanding this extract.

Abalimi Bezekhaya yisenta yegadi yabantu. Lo mbutho wasekwa ngo-1982. Injongo yawo (its) kukwazisa, ukunceda nokucebisa abantu ngezinto zonke malunga nokulima – indlela yokulima imifuno, indlela yokutyala imithi nemithana ngokufanelekileyo. Abantu baseCape Flats banokuthenga zonke izinto zegadi ngexabiso eliphantsi kakhulu kulo mbutho.

Umzekelo _____, _____, _____, _____ . Ungabona impumelelo yomsebenzi lo ezigadini ezininzi.



4 Ask where each garden implement is and answer appropriately

IZIXHOBO ZEGADI:

ingobozi (iin-)	basket	isikere sokuthena	pruning shears
isarha	saw	ithumbu lamanzi	hose
iharika / ireki	rake	ikani yokunkcencheshela	watering can
ifolokhwe	fork	umhlakulo	spade
igaba	hoe	ikiriva	wheelbarrow
imbiza (iim-)	pot	i-emele	bucket
ipeki	pick	umatshini wokuceba ingca	lawn mower

Uphi umtya?

Where's the string?

(a) ___phi umhlakulo?

(b) ___phi iimbiza?

(c) ___phi ikiriva?

(d) ___phi ithumbu lamanzi?

(e) ___phi isikere sokuthena?

(f) ___phi i-emele?

(g) ___phi igaba?

(h) ___phi iharika?

(i) ___phi ifolokhwe?

(j) ___phi umatshini

wokuceba ingca?

Unawo?

Do you have it?

Una ___?

Una ___?

Una ___?

Una ___?

Una ___?

Una ___?

Una ___?

Una ___?

Una ___?

Una ___?

Ewe, nangu!

Yes, here it is!

Ewe, _____

Ewe, _____

Ewe, _____

Ewe, _____

Ewe, _____

Ewe, _____

Ewe, _____

Ewe, _____

Ewe, _____

Ewe, _____

5 Match the instructions

Use the following phrases: (a) amanzi, (b) inkunkuma yekhitshi, (c) ingca, (d) umhlaba ngezinto ezigcina ukufuma emhlabeni, (e) inkunkuma kwimigqomo yenkunkuma, (f) umhlaba, (g) umthi and (h) amagqabi.

1 Lungisa

2 Tyala

3 Gquma

4 Cheba

5 Harika

6 Londoloza

7 Qokelela

8 Faka

6 Complete the instructions

Fill in the missing demonstratives to complete the instructions:

(a) Beka (these things) _____ emgqubeni.

(b) Landa (fetch) (that wheelbarrow) _____.

(c) Tyala (these trees) _____ elangeni.

(d) Tyala (those trees) _____ emthunzini.

(e) Nkcnkeshela (those seedlings (izithole) over there) _____.

(f) Cheba (that hedge over there) _____.

7 Complete the questions

Fill in the missing demonstratives to complete questions which you might ask when walking through Kirstenbosch:

(a) Ibizwa (called) njani _____ ntyatyambo?

(b) Ubizwa njani _____ mthi?

(c) Ubizwa njani _____ mthana (shrub)?

(d) Ibizwa njani _____ heji?

(e) Sibizwa njani _____ sityalo?

(f) Ubizwa njani _____ mfula (stream)?

(g) Ibizwa njani _____ ntaka (bird)?

(h) Ibizwa njani _____ ndlela?

8 Complete the information

(a) _____ ntyatyambo idumileyo yaseMzantsi Afrika yiProtea.

(b) _____ heji indala yaseKapa yatyalwa nguvan Riebeck ngo-1660.

(c) IKirstenbosch _____ gadi idumileyo yaseMzantsi Afrika.

(d) _____ ndawo ilungileyo le yokwenza ipikiniki.

(e) Intlakohlaza _____ xesha lilungileyo lokutyelela iKirstenbosch.

(f) Ndiza kunicacisela _____ ndlela ilungileyo yokulondoloza amanzi.

9 Use the correct verb forms

Phumla goes to a school to show the pupils how to make compost and how to water in a waterwise way. Complete the information she gives them by filling in the correct verb forms. Consult the Xhosa-English vocabulary for verbs you have not yet come across:

Heke, bafundi ndiyabona ukuba (a) beni _____ (have been collecting) izinto ezininzi ukuze siqale ukwenza umgquba! Masiwenzeni ke! Kuqala (b) _____ (separate) umhlaba ngefolokhwe. (c) _____ (Put) uhlaza nokutya okudala nje emgqubeni. Kufuneka ezi zinto (d) zi _____ (decay). Ukuba (e) nizi _____ (keep) zifumile, uza kubola ngokukhawuleza umgquba. Ukubola kuza (f) ku _____ (take) malunga neeveki ezintandathu. Kufuneka (g) niwu _____ (water) kakuhle rhoqo.

Ngoku ndifuna ukunibonisa indlela efanelekileyo yokutyala imbewu. Nantsi imbewu yemifuno. (h) Masiyi _____ (plant). Nanzi iibhokisi ezincinci. (i) Zi _____ (fill) ngalo mhlaba. (j) Yi _____ (plant) imbewu ezibhokisini ngolu hlobo (in this way). (k) Zi _____ (keep) iibhokisi ngaphandle okanye izityalo ziza kuba buthakathaka (weak) (l) zi _____ (die). Ngoku ndifuna ukunibonisa indlela yokuncenkceshela izityalo ngokufanelekileyo.

(m) _____ (Remember) bafundi, amanzi (n) _____ (scarce) kakhulu eMzantsi Afrika. Kufuneka sonke sisoloko (o) si _____ (try) (p) ukuwa _____ (save) amanzi ngakumbi ezigadini zethu. Ngoku, (q) _____ (water) ezi zithole ngononophelo. Musani (r) uku _____ (water) amagqabi, (s) _____ (water) umhlaba kuphela. (t) _____ (be careful) (u) ningazi _____ (damage) izithole. (v) _____ (surround) izityalo ngomgquba ukuze (w) _____ (keep) ukufuma emhlabeni.

-thatha	nkcenkceshelani	Lumkani	Jikelezani
-moshi	khumbulani	-nkcenkceshela	-tyaleni
-zaliseni	yahlukanisani	-gcine	Fakani
-zama	anqabe	-bole	-qokelela
-nkcenkceshele	-fe	-tyaleni	-gcineni
ugcine	nkcenkceshelani	-londoloza	

10 UThemba emsebenzini – udliwano-ndlebe

Themba at work – an interview

In this Unit you will learn how to:

- put an interviewee at ease
- ask questions as an employer
- talk about your education, training, previous experience
- ask for further information

Incoko

Themba interviews an applicant for a position in his company.

- UThemba Molo, Nkosazana Green. Khawungene uhlale phantsi. Ndiyavuya ukukubona. Kunjani?
- UNksz Green Molo Mnumzana Thamsanqa. Enkosi. Hayi ndiphilile ngaphandle kokuba nentaka!
- UThemba Hayi, nkosazana, sukuxhala! Khululeka! Ubonakala ukwazi ukusithetha kakuhle isiXhosa! Ndixelele, usazela phi?
- UNksz Green Ndaqala ukusithetha ndisemncinci kuba abazali bam babesebenza esibhedlele kufuphi nakuQoboqobo.
- UThemba Oo, uyasazi ke isiXhosa esithethwa ngamaNgqika omgquba!* Uyakwazi nokusibhala?
- UNksz Green Ewe Mnumzana Thamsanqa, ndasifunda isiXhosa esikolweni kwanaseyunivesithi.
- UThemba Uyakwazi ukuthetha nezinye iilwimi?
- UNksz Green Ewe, ndiyakwazi ukuthetha isiBhulu nesiFrentshi kancinci kodwa ke sona.
- UThemba Heke, Nkosazana, khawuthi *ggaba-ggaba* ngawe.
- UNksz Green Ndazalwa ngo-1969 eKapa. Abazali bam bafudukela kuQoboqobo ndisemncinci ngoko ke amabanga aphantsi, ukususela ku-Sub A ukuya kuStd 5, ndawenza ngakuQoboQobo.

*See Introduction.

- UThemba Amabanga aphakamileyo wawenza phi?
 UNksz Green Esinaleni ngaseMonti, iMatriki ndayiphumelela ngo-1986. Emva koko ndafundela iqondo leBA eyunivesithi yaseRhodes, eRhini.
- UThemba Wathatha ziphi izifundo eziyintloko?
 UNksz Green Ndathatha isiNgesi nesiXhosa.
- UThemba Wawufundiswa ngubani isiXhosa?
 UNksz Nguprofesa Majola. Ingaba uyamazi?
 UThemba Oo, kakhulu! Sasifunda kunye, ekrelekrele.
 UNksz Green Onjani utitshala! Wandinceda kakhulu. Ndazuza isidanga sam se-BA ngo-1989. Ndaqala ukusebenza njengotitshalakazi. Ngo-1994 ndanyuselwa ndaba lisekela-inqununu.
- UThemba Khawutsho, kutheni ufuna ukutshintsha umsebenzi?
 UNksz Green Ndinoloyiko kuza kuncitshiswa inani leetitshala. Enye into, ndingumntu wabantu. Ndithanda kakhulu ukusebenza neentlobo-ngeentlobo zabantu. Yaye ndicinga ukuba ndinganegalelo kwinkampani yakho.
- UThemba Heke, Nkosazana. Wena, unayo imibuzo?
 UNksz Green Ewe, Mnumzana Thamsanqa. Ucinga ukuba ndinethuba lokuwufumana lo msebenzi?
- UThemba Ewe, ndicinga ukuba unethuba elilungileyo kakhulu!
 UNksz Green Ndingalindela ukwaziswa nini ukuba ndiphumelele?
 UThemba Siza kukwazisa ekupheleni kweveki ezayo.
 UNksz Green Enkosi kakhulu. Ndiyabulela, Mnumzana.
 UThemba Kulungile Nkosazana Green. Bekumnandi kakhulu ukudibana nawe. Uhambe kakuhle.
 UNksz Green Kamnandi, MnumzanaThamsanqa.

Isigama

<i>kokuba nentaka</i>	<i>to be nervous</i> (lit. be with a bird)	-fudukela	move home
-xhala	be anxious	amabanga	standards
khululeka	relax i.e. be free	ukususela ku-	from
-bonakala	seem / appear	ukuya ku-	until
-azela	know from	-phantsi	low(er)
kufuphi na-	near	-phakamileyo	high(er)
kuQoboqobo	to Keiskammahoek	isinala	boarding school
kwanase-	even at	-phumelela	succeed
kodwa ke sona	the latter less	iqondo	degree
		izifundo eziyintloko	majors

sasifunda	we studied	-tshintsha	change
kunye	together	uloyiko	fear
ekrelekrele	he being very bright	-ncitshiswa	be cut back, reduced
onjani	what	inani	the number
utitshala!	a teacher!	ngeentlobo-ntlobo	different
-zuza	graduate	igalelo	contribution
isidanga	degree (lit. necklace)	ithuba	chance
-nyuselwa	be promoted	ekupheleni kwa-	at the end of
ndaba lisekela-	I became		
inqununu	vice-principal		

How to ...

Put an interviewee at ease

Sukuxhala / Khululeka, Nkosikazi (Nkosazana, Mnumzana)

Ask questions as an employee

- Wafunda phi?
 Kwesiphi isikolo?
 Kweyiphi iyunivesithi?
 Kutheni ufuna ukutshintsha umsebenzi?
 Wafundiswa ngubani?
 Waqeqeshwa ngubani?
 Wathatha eziphi izifundo njengezifundo eziyintloko?
 Unawo amava?
 Unayo imibuzo?

Talk about your education, training, experience

- Ndawenza amabanga aphantsi e _____
 Ndawenza amabanga aphakamileyo e _____
 Ndaphumelela ngo-19 ____ iMatriki
 Ndafundela iqondo leBA ngo _____
 Ndafundiswa ngu _____
 Ndaqeqeshwa ngu _____
 Ndazuza isidanga sam se-BA

Ndasebenza njeng _____

Ndanyuselwa ndaba _____

Ndinamava ekufundiseni / ekuthengiseni / ekusebenzeni
ngekhompyutha

Ask for further information

Uyakwazi ukuthetha isiNgesi / isiXhosa / isiBhulu / ezinye iilwimi?

Uyakwazi ukuqhuba?

Unalo iphepha lokuqhuba?

Unayo ireferensi / incwadi ekuncomayo. (lit. a letter praising you)

Wakhe wawenza lo msebenzi ngaphambili?

Wakhe wasebenza njeng _____ ngaphambili?

Uyakwazi ukusebenza ngekhompyutha?

How it works

1 The passive

The **passive** voice is a grammatical term that means exactly what it says – something is done to somebody or something without necessarily mentioning who is performing the action. The **passive** form is used more extensively in everyday Xhosa speech than it is in English.

Uyafundisa.	He / she teaches .	(active)
Uyafundiswa.	He / she is being taught .	(passive)
Uyaqeqesha.	He / she is training .	(active)
Uyaqeqeshwa.	He / she is being trained .	(passive)

As you can see, the **passive** is formed simply by inserting '-w-' before the **final -a** (cf. verbal extensions **Unit 4.6**):

Uprofesa ufundisa abafundi.	The professor is teaching (active) the students.
Abafundi bafundiswa nguprofesa.	The students are taught (passive) by the professor.
Umqeqeshi uqeqesha abafundi.	The trainer is training (active) the apprentices.
Abafundi baqeqeshwa ngumqeqeshi.	The apprentices are being (passive) trained by the trainer.

Note: (1) When the agent, i.e. 'the doer of the action', is mentioned, it is prefixed by the copulative. In these examples '**ng-**' is prefixed to the agents '**uprofesa**' and '**umqeqeshi**' because they belong to the 'u-' and '**um-**' noun classes (Classes 1 and 1a).

→ cf. **Unit 4.1** for the copulatives of the other noun classes.

Note: (2) As is the case in the active voice, there is **no** '-ya-' when another word follows the verb (cf. **Unit 2.2**).

Noteworthy features of the passive

Some verbs which are **always used in the passive include:**

ukukholwa	to believe		
ukudinwa	to be tired	Ndidini we .	Ndidin we kakhulu.
ukunxanwa	to be thirsty	Ndinxani we .	Ndinxan we kakhulu.

→ cf. **Unit 7.3** long and short form of the **recent past tense** '-ile' / '-e'.

Some expressions incorporating the **passive** are virtually untranslatable into English, e.g.:

Kuyanxanwa	(-nxanwa = be thirsty)
Kuyagodukwa*	(-goduka = go home)

*However, it is interesting to note that this construction exists in some other languages, e.g. German.

'-w-' can also be used in combination with other verbal extensions:

Ndanyuselwa.	I was promoted .
	(lit. I was made to go up for)

Kuya kuthethwana ngomvuzo.	Salary is negotiable.
	(lit. It will be talked about with each other about the salary.)

The infinitive form of the passive is often used in notices of **restriction, restraint or forbiddance:**

Akungenwa	No entry	(lit. <i>not to be entered</i>)
Akutshaywa	No smoking	(lit. <i>not to be smoked</i>)
Akumiswa	No stopping	(lit. <i>not to be stopped</i>)
Akupakwa	No parking	(lit. <i>not to be parked</i>)
Akuhlalwa engceni	No sitting on the grass	(lit. <i>not to be seated</i>)
Akutyiwa elayibhri	No eating in the library	(lit. <i>not to be eaten</i>)

The **passive** form is reflected in some **common nouns**:

<i>isithandwa</i>	beloved (lit. the loved one)
<i>umqeshwa</i>	employee (lit. hired one)
<i>umphathiswa</i>	cabinet minister
<i>udliwano-ndlebe</i>	interview
< <i>ukudlana iindlebe</i>	'to interview ' (lit. to eat each other's ears)

Note: Consonant verbs of one syllable, e.g. -dla > dliwa; -tya > -tyiwa (be eaten) and vowel verbs of two syllables, e.g. -enziwa = (been done, etc.) have **only one form** irrespective of whether they are followed by an agent or another word.

The **passive** form is also reflected in many **proper names**:

uBulelwa	(the one who is thanked for)
uVuyelwa	(the one who has been rejoiced for)
uVuyiswa	(the one who has been made to be joyful)
uXoliswa	(the one who has been made to be calm)
uZoliswa	(the one who has calmed)
uBongiwe	(the one praise has been given for)
uLindiwe	(the one who has been waited for)
uLiziwe	(the one who has been given as a gift)
uSiphiwe	(the one who has been given as a gift)
uSindiwe	(the one who has transcended)
uThandiwe	(the one who is loved)

Some frequently used **idiomatic expressions** with the **passive** include:

Uphethwe <i>yintoni</i> ?	What's wrong with you? (lit. You are ruled by what?)
Ungenwe <i>yintoni</i> ?	What's got into you?
Ukhathazwa <i>yintoni</i> ?	What worries you?
Ndiphelelwe <i>lithemba</i> .	I've lost hope. (lit. deprived of)
Ndiphelelwe <i>ngumsebenzi</i> .	I am unemployed.
Ndibonwa <i>yintoni</i> ?	How lucky can I be? (lit. By what am I seen?)

Many **idioms** (*izaci*) and **proverbs** (*amaqhalo*) incorporate the **passive**:

<i>Indlovu ayisindwa ngomboko wayo.</i>	No one ever finds his natural responsibilities too burdensome. (lit. The elephant is not weighed down by its trunk.)
---	--

This idiom could well be said when commiserating with someone who 'has a lot on their shoulders'.

<i>Inyathi ibuzwa kwabaphambili.</i>	From the horse's mouth. (lit. The buffalo is asked (among the) first.)
<i>Ukuzalwa wedwa ngumlu wanyama.</i>	One must have family / kinship (lit. To be born alone is to be a strip of meat.)

This last concept is illustrated by Sindiwe Magona in an excerpt from her autobiography *To My Children's Children*:

'The intricate ways in which relationships are drawn among us make it almost impossible for an individual to be destitute in the sense of having connections with no living soul. One could, conceivably, be minus parent, or issue; have neither spouse nor sibling; but to be alone, with no relative, no one to care for or to lean on, is virtually unheard of except in the very rare case of an individual of such unbearable and odious disposition that no one can stand him or her or be moved to pity at the plight of such a one.'

→ See cultural background.

Some euphemistic idiomatic expressions mean 'to be buried':

ukufihlwa	lit. to be hidden
ukugoduswa	lit. to be taken home
ukusiwa	lit. to be taken (to the fathers, i.e. ancestors)

When '-w-' occurs with the following consonants and consonant combinations certain **phonetic changes** take place. This is to **facilitate pronunciation**:

'to bury' = ukungcwaba > ukungcwatywa = to be buried

Some verbs frequently used which in the passive undergo this **sound change** are:

<i>b > ty</i>	-gqiba	-gqitywa	be finished
	-sebenzisa	-setyenziswa	be used
<i>bh > j</i>	-bhuhela	-bhujelwa	be bereaved (lit. be died for)
<i>m > ny</i>	-fumana	-funyanwa	be found
	-phuma	-phunywa	lit. be gone out: kuphunywa apha 'exit'

<i>mb > nj</i>	-hamba	-hanjwa	lit. be gone: kuhanjwa ngoku
	-khumbula	-khunjulwa	be remembered
<i>ph > tsh</i>	-khupha	-khutshwa	be taken out

Note: This sound change also occurs in **locatives** (cf. **Unit 4.8** and **Unit 6.7**):

ihlobo > ehlotyeni

The same sound change occurs with **diminutive** forms which suffix **-ana**. Look at the map of Kirstenbosch in **Unit 9** where you will find diminutives of:

isiziba (pool) > *isizityana* (small pool)

ichiba (pond) > *ichityana* (small pond)

2 How to express 'alone' / 'by itself' / 'special' / 'exclusive' = '-odwa'

From the forms that follow you can see that for the 1st and 2nd persons '-edwa' or '-odwa' may be used:

Ndindedwa / Ndindodwa ekhaya. I am **alone** at home.

Sisedwa / Sisodwa ekhaya. We are **alone** at home.

Uwedwa kowenu? Are you **alone** at (your) home?

Ninedwa / Ninodwa kowenu? Are you **alone** at (your) home?

In the 3rd person, '-odwa' is preceded by the consonant associated with the noun to which it refers, except for Class 1:

Uyedwa kowabo. He / she is **alone** at his / her home.

Bahodwa abantwana ekhaya. The children are **alone** at home.

'-odwa' can also be used as a descriptive (relative) in which case it means 'special, exclusive' and is therefore prefixed by the relative concord:

<i>umsebenzi</i>	<i>owodwa</i>	a special activity
<i>imisebenzi</i>	<i>eyodwa</i>	special activities
<i>izeza</i>	<i>elilodwa</i>	special medicine
<i>amalungelo</i>	<i>awodwa</i>	exclusive rights
<i>isizathu</i>	<i>esigodwa</i>	special reason
<i>izizathu</i>	<i>ezigodwa</i>	special reasons
<i>injongo</i>	<i>eyodwa</i>	special purpose
<i>udliwano-ndlebe</i>	<i>olulodwa</i>	exclusive interview
<i>ubuchule</i>	<i>obuhodwa</i>	special skills
<i>ukutya</i>	<i>okukodwa</i>	special food

Remember: In the case of nouns prefixing 'um-' (Class 3) the associated consonant is 'w-' and in the case of nouns prefixing 'imi-' / 'i-' / 'in-' / 'im-' the associated consonant is 'y-'.

Note: No concord in Class 6 (*ama-*): *amaXhosa odwa*, but '-w-' is infixed between a relative concord and 'odwa': *amalungelo awodwa*.

3 The use of 'ukuba' = 'to be'

In the infinitive

Sonke sithanda ukuba **nethamsanqa**. We all like **to be** lucky.
(lit. We all like to **be with** luck.)

In the future

Uza kuba **nethuba elilungileyo**. You **will have** a good chance.
(lit. You will **be with** a good chance.)

In the remote past

Ndaba **nethamsanqa**. I **was** lucky.
(Lit. I **was with** luck.)

In the subjunctive

Ndinqwenela ukuba ndibe **nethamsanqa**. I wish that I **were** lucky.
(lit. I wish that I **be with** luck.)

Ndinqwenela ukuba **abe nethamsanqa**. I wish that he/she **were** lucky.
(lit. I wish that he/she **be with** luck.)

Ube nethamsanqa! Good luck! (lit. You **be with** luck!)

Note: In the 3rd person singular, 'he' / 'she', the subject concord changes from 'u-' to 'a-' (see **Exercise 6** of this Unit). This also occurs with '-nga-' = 'can' / 'may':

Angandifowunela ngokuhlwa. He can phone me this evening.
(→ see **Unit 11**)

In the imperative (instructions)

Yiba nethamsanqa! Good luck! (lit. **Be with** luck!)

Note: If a descriptive follows 'ukuba' = 'to be' it is **not** preceded by a concord:

Ndiyathemba ukuba uza kuba **bhethele** kamsinya.

When a locative follows 'ukuba', the locative prefixes 's-':

Ndisenokuba semsebenzini I could still **be** at work

Cultural background

Quoting **idioms** and **proverbs** in Xhosa is a quintessential and much favoured way of epitomising a situation to drive home a point. They are often drawn from animal life or related to fables (*iintsomi*) (see **Unit 16**) and their meaning may be varied to suit the occasion but their application to a specific situation is rarely in doubt.

To quote Professor SC Satyo (Igrama Noncwadi LwesiXhosa ibanga le-9 nele-10, p. 215) 'Akulula ukuba ufumane umXhosa eyigqiba intetho yakhe engakhange asebenzise isaci'. (i.e. It is not easy to find a Xhosa person finishing his / her speech without using an idiom.)

This was vividly illustrated in a speech by Deputy President Mbeki on his budget vote when he said: '*Ukuthundez' ubhityo.*' (To try to do as much as possible with limited resources.) (lit. to gently coax along the most emaciated ox in order to eke out the last little reserve from it.)

How to apply it

1 Match the public signs

The English equivalents are: (a) No Littering, (b) Silence, (c) No Dogs Allowed and (d) No Swimming Allowed.

- 1 Akuvunyelwa ukungena nezinja apha!
- 2 Akuthethwa
- 3 Akuvunyelwa ukuqubha!
- 4 Akungcoliswa

2 What is the literal meaning of the idioms and proverbs

- (a) *Intlama idliwe yinja.* Things have gone wrong.
Lit.: _____
- (b) *Umhlaba ubethwe lilanga.* The soil is very dry.
Lit.: _____

- (c) *Abantwana bangenwe yintaka.* The children are frightened.
Lit.: _____
- (d) *Kuhanjwa ngesiko.* It's done according to custom.
Lit.: _____
- (e) *Le nto yaphelwa lixesha.* This is old fashioned.
Lit.: _____
- (f) *Ubunzulu besiziba* (deep pool in river)
buviwa ngodondolo (stick)! Look before you leap!
Lit.: _____

3 Give the English equivalent of newspaper / magazine columns

Okuxelwa ziinkwenkwezi (What is told by the stars) _____
Abakhunjulwayo (Who are remembered) _____

4 Reading, understanding and answering questions

Read the conversation between Themba and Mary at work and answer the questions that follow:

- UThemba Molo Mary, uphila njani namhlanje?
UMary Ewe Themba. Sikhona. Wena?
UThemba Hayi, nam ndisaphila ngaphandle komsebenzi. Kanene, uzifihle phi? (*Where have you hidden yourself?*)
Andikubonanga ixesha elide.
UMary Bendinekhefu elimnandi (*I had a nice holiday*) nosapho lwam.
UThemba Unethamsanqa! Ndixelele ngekhefu lakho. Masiye ekhefi siphunge.
UMary Kulungile. Andikalifumani ixesha lokuphunga. (*I have not yet found the time*) Masiye ke.
UThemba Unjani umsebenzi wakho? Usawuvuyela? Kanene unyuselwe, ndiyavuyisana nawe! Usebenzile!
UMary Enkosi, kodwa kunzima ngamanye amaxesha. Linqabile ixesha. Ndisoloko ndixakekile.
UThemba Ndim lowo (*same here*). Lunjani usapho?
UMary Sonke siphilile. Banjani abantwana nenkosikazi yakho?
UThemba Basaphila nabo. Yho! Jonga ixesha! Mandikhawulezise (*Let me hurry*) okanye ndiza kuphoswa yintlanganiso. (*lit. I will be missed by the meeting.*)

UMary Ewe, kufuneka nam ndihambe. Sobabini sishiywe lixesha.

UThemba Bekumnandi ukuphunga nawe. Sobonana kwakhona.

UMary Kulungile. Sebenza kakuhle. Undibulisele kuThandi nabantwana.

UThemba Enkosi. Ube nempela-veki emnandi.

- (a) UThemba noMary bancokola phi?
 (b) Baphila njani?
 (c) Baya phi ukuze bancokole kancinci?
 (d) UThemba uvuyisana noMary. Kutheni?
 (e) UThemba uza kuya phi?

5 Who's who?

Three people describe what their work entails. They are:

- (a) a chef (cook) umpheki
 (b) a journalist intatheli
 (c) a receptionist in a hotel ireceptionist yehoteli

Match the job description with the job:

- 1 Ininzi into ekufuneka ndiyenze! Mandinichazele ngomsebenzi wam. Ndisebenza eFront-Office. Ndamkela iindwendwe xa zifika ndizibonise indlela eziza kuhlala ngayo ehotela. Ndisebenza noosomashishini beli lizwe nabamanye amazwe ngokunjalo nabakhenkethi. Lo msebenzi unobunzima gqitha ngamanye amaxesha. Abanye abatyebile bakhulaza kakhulu, kufuneka ukuba ndizisombulule kwaye zonke izikhalazo. Abanye bafuna ukwazi iindawo ezithandwa ngabakhenkethi, imeko yelizwe njalo, njalo. Kufuneka ukuba ndibanike iingcombolo ezichanekileyo. Ndisenokuba semsebenzini xa abanye abantu belele okanye bezonwabisa.

-chazela	explain (to)	imeko (ii-)	situation
undwendwe (iin-)	guest	ingcombolo (iin-)	information
-sombulula	solve	-chanekileyo	precise
kwaye	and	*xa ... belele	when ... are
isikhalazo (izi-)	complaints		asleep

*See Unit 12.1

Ndi _____ .

- 2 Kuqala ndasebenza kwikhithi lenkampani enkulu, kodwa ngoku ndisebenza ehotela enkulu. Ndilungisa imenyu. Ndi-odola ukutya ndiqeqeshe ndiphathe abasebenzi basekhithini. Ndinomdla ebantwini nasekulungiseni izidlo. Ndithanda ukusebenza kwindawo enomdla, kodwa into endingayithandiyo ngamanye amaxesha kukusebenza iiyure ezininzi neeshifti. Ezo zinto zindenza ndizive ndicinezelekile.

-odola	order	iiyure	hours
isidlo (izi-)	meal	ezo zinto	those things
into endingayithandiyo	*what I do not like	-icinezelekile	be stressed

*See Unit 16.1

Ndi _____ .

- 3 Ndithanda ukudibana nabantu nokuthetha nabo nokubaphulaphula. Ndithanda ukubhala amanqaku ngabantu nangezinto ezenzeka imihla ngemihla. Ndenza uphando ngebali lam ndilibhale kwikhompyutha yam. Ndisebenza yonke imihla iiyure ezininzi kwanangempela-veki.

-phulaphula	listen	inqaku (ama-)	article
uphando	research		

Ndi _____ .

6 Read and understand

With the help of the vocabulary you should be able to understand the following advertisements (*izaziso*):

(a) KUFUNWA UNONTLALO-NTLE

Umbutho wenu ufuna inkonzo yomntu ozondelelayo onokusebenza nzima ekukhuseleni abantwana.

Izinto ezifunekayo kanye ngamava ekugcineni abantwana, iphepha lokuqhuba nokukwazi ukuthetha isiXhosa.

Ukukwazi ukuthetha nesiNgesi nesiBhulu kakuhle kuyanceda kakhulu.

Kuya kuthethwana ngomvuzo ngokwamava awo omsebenzi.

Uthumele iCV neereferensi ezintathu zabantu

esinokuqhagamshelana nabo, nencwadi yokucela

umsebenzi ku _____ . Umhla wokuvala isicelo ngu _____ .

11


Ndingathetha noMnumzana Thamsanqa?

May I speak to Mr Thamsanqa?

In this Unit you will learn how to:

- communicate on the telephone
- make arrangements to meet, including place and time

6, Incoko

 Peter phones Themba to make arrangements to meet at the cricket.

UPeter Hello, ndingathetha noMnumzana Thamsanqa? Ingaba ukhona?

UNobhala Ndingabuza ukuba ngubani ofuna ukuthetha naye?

UPeter Ewe, nguPeter Murray lo uthethayo.

UNobhala Khawubambe njalo, Mnumzana Murray. Ndiza kubona ukuba ukhona na phaya e-ofisini yakhe.

UPeter Kulungile.

UNobhala Mnumzana Murray, ndilusizi, uMnumzana Thamsanqa akakho okwangoku. Usaphumile.

UPeter Uyazi ukuba uza kufika nini na?

UNobhala Ndilusizi, khangela atsho. Ungathanda ukushiya umyalezo?

UPeter Ewe, uze umxelele ukuba ndifuna ukuqhakamshelana naye malunga neqakamba yangomso. Mhlawumbi angandifowunela ekhaya ngokuhlwa.

UNobhala Kulungile Mnumzana Murray. Ndiza kumxelela. Ngubani inombolo yefowuni yakho?

UPeter Ngu 531-3767.

UNobhala Kulungile, Mnumzana Murray.

UPeter Ndiyabulela. Bye.

UNobhala Bye, Mnumzana Murray.

Themba returns Peter's call that evening. David answers the phone.

UDavid David Murray speaking.

UThemba Hello, David. Kunjani, mfondini?

UDavid Oo, molo Mnumzana Thamsanqa. Ndiphilile, enkosi. Wena?

UThemba Hayi, sikhona. Ingaba utata ukhona?

UDavid Ewe. Yima kancinci. Ndiza kumbiza.

After exchanging pleasantries, Peter and Themba continue their conversation.

UThemba Molo Peter. NguThemba kweli cala. Enkosi ngokufowuna. Ngelishwa bendisentlanganisweni imini yonke! Ndiwufumene umyalezo wakho sekuhlwile.

UPeter Ayinamsebenzi loo nto. Ndiyazi ukuba uxakekile!

UThemba Siza kudibana ngabani ixesha ngomso?

UPeter Kunjani ngo-9.30?

UThemba Kulungile. Phi?

UPeter Phambi kwesango elikhulu.

UThemba Kulungile, siza kuba lapho ngo-9.30. Sobonana!

UPeter Sobonana!

The next morning Thandi phones Jenny.

UJenny Hello!

UThandi Hello, ndingathetha noNkosikazi Murray?

UJenny Molo Thandi, ndim!

UThandi Oo uxolo sithandwa sam, khangela ndilichane ilizwi lakho! Unantoni na?

UJenny Awu, ndinomkhuhlane kancinci phofu!

UThandi Oo, ndiluzisi. Ndikufowunela kuba mna noThemba siya kwiresty entsha yezakwaNtu ngokuhlwa ngoMgqibelo. Sifuna ukunimema wena noPeter. Ningeza? Ucinga ukuba uza kuba sele ubhetele?

UJenny Oo, ingantle loo nto. Bendifunda ngaloo restyu kwiphephandaba ngempela-veki ephelileyo. Ndatsho *ndavuz' izinkcwe!* Ukutya kwayo kwandikhumbuza ubuntwana bam. Sasizitya zonke ezo zinto zakwaNtu efama!

UThandi Heke, mandikulande ukuze sidibane noPeter noThemba erezty emva komdlalo weqakamba.

UJenny Ungaba undincedile, sithandwa. Sobonana!

Isigama

okwangoku	at the moment	sithandwa sam	my dear
-bamba	hold on	-chana	recognise
-shiya	leave		(lit. be accurate)
umyalezo	message	ilizwi	voice
uze	you should	phofu	though
-qhakamshelana na-	get in touch with	zakwaNtu	traditional
malunga na-	about	-mema	invite
ngokuhlwa	in the evening	bendifunda	I was reading
inombolo	number	ndavuz' izinkcwe	it made my mouth water
kweli cala	on this side	-khumbuza	remind
bendisentlanganisweni	I was at a meeting	ubuntwana	childhood
sekuhlwile	already evening	-landa	fetch
isango	gate		



CULTURE SHOCK Parliament was recently treated to a scene seldom seen in Cape Town when the Masizakhe Cultural Group of Lady Grey in the Eastern Cape, resplendent in their traditional dress, took a tour of the legislature. But the pastoral illusion was rudely shattered when this lady's cellular phone rang.

(Courtesy Cape Times 8/5/1996. Photo: Benny Gool)

How to ...**Communicate on the telephone when you are making the call**

Ngu _____ othethayo.

Ngu _____ kweli cala.

Ndingathetha noMnumzana _____, nceda.

Ndicela ukuthetha noMnumzana _____.

Oo, uxolo, khange ndilichane ilizwi lakho!

Ukhona uMnumzana _____?

Ukhona uNkosikazi _____?

Umlindele nini?

Unganceda undifake kwi-ofisi kaMnumzana _____?

Ndingawushiya umyalezo?

Ndiza kumfowunela kwakhona.

Communicate on the telephone when you are answering the call

Ndithetha nabani?

Ndingabuza, ngubani othethayo?

Ndingamxelela ngubani ofuna ukuthetha naye?

Khawubambe njalo.

Yima kancinci, ndiza kumbiza.

Yima kancinci, ndiza kukhangela ukuba ukhona na.

Ndilusizi akakho okwangoku.

Usaphumile.

Usentlanganisweni.

Uxakekile komnye umnxeba. Ungathanda ukubamba?

Ndingathatha umyalezo?

Ukhona umyalezo?

Ungawushiya umyalezo?

Make arrangements to meet

Siza kudibana ngabani ixesha? Phi?

Kunjani ngo-9?

Ndiza kudibana nawe phambi kwesango elikhulu.

Ndiza kudibana nawe phambi kwerestyu.

Ndiza kukulanda ngo-7.
Uze uncede ufike ngexesha.
Ungafiki emva kwexesha!

Some idioms related to time

Ixesha lixhatshwe (< -xhapha) **yinja**. It's late.
(lit. time has been lapped up by the dog.)

xa kumpondo zankomo very early in the morning
(lit. when the horns of the cattle are just visible)

xa libantu bahle in the early evening/twilight
(lit. when people are beautiful, i.e. blemishes are less obvious!)

ngolwemivundla in the early evening / dusk
(lit. at the time that rabbits come out of their warrens)

Ask whether you may use someone's phone

Ndingasebenzisa ifowuni yakho, Nkosikazi / Mnumzana?

Ask where the nearest public phone is

Iphi ifowuni kawonke-wonke ekufutshane?

Ask to borrow a telephone directory

Ndifuna inombolo. Ndingaboleka idirectory yakho yefowuni?

How it works

1 More expressions incorporating 'ng-' (copulative)

'It is who who' ... ? = 'Ngubani o- ...'?:

Ngubani othethayo?

Ngubani ofuna ukuthetha naye?

Ngubani Murray othethayo?

'Ngubani' with other expressions, translating 'What is?':

Ngubani ixesha?

What is the time?

Ngubani igama lakho?

What is your name?

Ngubani ifani yakho?

What is your surname?

2 Copulatives with emphatic pronouns

<i>ndim</i>	It is me	<i>nguye</i> (<i>umncedisi</i>)	It is him / her
<i>sithi</i>	It is us	<i>ngabo</i> (<i>abancedisi</i>)	It is them
<i>nguwe</i>	It is you (s.)	<i>nguwo</i> (<i>umsebenzi</i>)	It is it
<i>nini</i>	It is you (pl.)	<i>yiyo</i> (<i>ifowuni</i>)	It is it, etc.

3 '-khona' = 'there' (be present)

Like 'apha' / 'apho' = 'here' / 'there' (cf. Unit 5.3, 'khona' can be used as an adverb:

Usebenza khona .	She works there /at that place.
Siza kuba khona ngo-9.30.	We'll be there at 9.30.

It can also be used with a subject concord:

Ukhona uThemba?	Is Themba there ?
Ewe, ukhona .	Yes, he (is) there .
Ikhona ifowuni?	Is there a phone ?
Ewe, ikhona .	Yes, it (is) there .
Lukhona usiba?	Is there a pen ?
Ewe, lukhona .	Yes, it (is) there .
Ikhona ipensile?	Is there a pencil ?
Ewe, ikhona .	Yes, it (is) there .

'-kho' (without -na) is used in impersonal expressions – 'Kukho...':

Kukho iphepha?	Is there paper?
Ewe, kukho iphepha etafileni.	Yes, there is paper on the table.
Kukho imiyalezo?	Are there messages?
Ewe, kukho imiyalezo.	Yes, there are messages.

In the negative '-khona' > '-kho':

Ukhona uThemba?	Hayi, akakho .
Ukhona umsebenzi?	Hayi, awukho .
Ikhona ifowuni?	Hayi, ayikho .
Ikhona ipensile?	Hayi, ayikho .
Lukhona usiba?	Hayi, alukho .

4 Prepositions followed by 'kwa-'

The following prepositions are used before nouns expressing **place, time** or **manner**:

	emva kwa-	
behind		after
emva kwesangoemva kwemini		
emva komthi	emva komdlalo	

	ngaphandle kwa-	
outside		besides
ngaphandle kwerestyu		ngaphandle kokuthetha isiXhosa,
		uthetha nesiSuthu

	phambi kwa-	
in front		before
phambi kwerestyu		phambi kwesidlo

	phakathi kwa-	
between	(but note phakathi ebhokisini)	
phakathi komaleko		= inside the box)

	phantsi kwa-	
under	(but note Hlala phantsi!)	
phantsi kwetafile		= Sit down!

	phezu kwa-	
on top of	(but note Jonga phezulu!)	
phezu kwekhabhathini		= Look up!

Note: 'phantsi kwa-' and 'phezu kwa-' are also used in comparatives:

Ixesha linqabe **ngaphezu kwemali**. Time is more scarce **than** money.
Ndinemali **engaphantsi kweyakho!** I have less money **than** you!

Also followed by 'kwa-': 'ecaleni kwa-' = 'at the side of'.

5 Numerals

You are already familiar with the numerals 1–6 (cf. Unit 6.2):

<i>umntwana</i>	<i>omnye</i>	<i>incwadi</i>	<i>enye</i>
<i>abantwana</i>	<i>ababini</i>	<i>iincwadi</i>	<i>ezimbini*</i>
<i>abantwana</i>	<i>abathathu</i>	<i>iincwadi</i>	<i>ezintathu†</i>
<i>abantwana</i>	<i>abane</i>	<i>iincwadi</i>	<i>ezine</i>
<i>abantwana</i>	<i>abahlanu</i>	<i>iincwadi</i>	<i>ezintlanu</i>
<i>abantwana</i>	<i>abathandathu</i>	<i>iincwadi</i>	<i>ezintandathu</i>

The **sound changes** caused by 'n' in the **adjectival concord** 'ezin'-:

*b influences a preceding 'n': $\underline{n} + b > \underline{mb}$, $\dagger \underline{n} + \underline{th} > \underline{nt}$, $\underline{n} + \underline{hl} > \underline{ntl}$,
 $\underline{n} + \underline{n} > \underline{n}$.

Numerals 6–10 are **nouns** (not adjectival stems like 1–6):

<i>isixhenxe:</i>	<i>abantwana</i>	<i>abasixhenxe</i>	7	(lit. which are 7)
<i>isibhozo:</i>	<i>abantwana</i>	<i>abasibhozo</i>	8	(lit. which are 8)
<i>ithoba:</i>	<i>abantwana</i>	<i>abalithoba</i>	9	(lit. which are 9)
<i>ishumi:</i>	<i>abantwana</i>	<i>abalishumi</i>	10	(lit. which are 10)

Numerals from 11 onwards are more complex than their English equivalents, but luckily for learners, even Xhosa speakers often use the English numerals above 10.

You might like to know:

100	=	<i>ikhulu (ama-)</i>
1,000	=	<i>iwaka (ama-)</i>
1,000,000	=	<i>isigidi</i>

Can you work out what 'usozigidi' (oo-) means?

Ordinal numbers 1–10:

<i>-okuqala</i>	<i>umntwana wokuqala</i>	1st
<i>isibini</i>	<i>umntwana wesibini</i>	2nd
<i>isithathu</i>	<i>umntwana wesithathu</i>	3rd
<i>isine</i>	<i>umntwana wesine</i>	4th
<i>isihlanu</i>	<i>umntwana wesihlanu</i>	5th
<i>isithandathu</i>	<i>umntwana wesithandathu</i>	6th
<i>isixhenxe</i>	<i>umntwana wesixhenxe</i>	7th
<i>isibhozo</i>	<i>umntwana wesibhozo</i>	8th
<i>isithoba</i>	<i>umntwana wesithoba</i>	9th
<i>isishumi</i>	<i>umntwana wesishumi</i>	10th

Numerals in expressions of time

Expressing the time in Xhosa is difficult. Even Xhosa mother tongue speakers often express the time in English. Especially in informal conversation. However, the time is always given in Xhosa on the radio, especially at news time.

What is the time?

Ngubani ixesha?	(lit. Who is the time?)
Lithini ixesha?	(lit. It says what the time?)
Ngu-1 / 2 / 3 / 4 / 5	It's 1 / 2 / 3 / 4 / 5 o'clock.
Yintsimbi yokuqala / yesibini / yesithathu / yesine / yesihlanu.	(lit. It's the first / second / third / fourth / fifth bell)
Ngabani ixesha?	At what time?
Ngo-1 / 2 / 3 / 4 / 5.	At 1 / 2 / 3 / 4 / 5 o'clock.
Ngentsimbi yokuqala / yesibini / yesithathu / yesine / yesihlanu.	At the first / second / third / fourth / fifth bell.

When it comes to expressing the time other than on the hour, the English forms are used, even in more formal situations, for example 'Yikota past 6' is much easier and quicker to say than: 'Yimizuzu elishumi elinantlanu emva kwentsimbi yesithandathu' (lit. It is minutes which are ten which have five after the bell of six); similarly 'Ngehaf past 2' is much easier and quicker to say than 'Ngecala emva kwentsimbi yesibini' (lit. At past the side after the bell of two).

6 Expressions such as 'iresty yezakwaNtu'

There are many expressions like this in Xhosa, i.e. incorporating a double possessive, for example 'iresty yezakwaNtu', the full form of which is iresty **ya** + izinto + **za** + kwaNtu = iresty **yezinto zakwaNtu** (a restaurant of things of tradition). However this full form is contracted to iresty **ya** + 'i' of izinto + **za** + kwaNtu = iresty yezakwaNtu.

Here are some other examples you may come across:

Umhleli wezemidlalo	sports editor
Umhleli wezopolitiko	political editor
Umcebisi wezomthetho	legal advisor
Umphathiswa wezangaphandle	minister of foreign affairs
Umphathiswa wezemfundo	minister of education
Umphathiswa wezolimo	minister of agriculture
Abalimi bezekhaya	home gardeners

7 '-ni?' = 'what', shortened form of 'ntoni?'

When the shortened form of 'ntoni?' = '-ni?' is used it must be suffixed to the verb:

Ufuna ntoni?	What do you want?
Ufunani?	What do you want?
Wenza ntoni?	What are you doing?
Wenzani?	What are you doing?

Note: With the verb '-thi' = 'say' only the shortened form is used as can be seen in the following idiomatic expressions:

Lithini ixesha?	What is the time?
Kwenzekeni? / Bekutheni?	What happened?
Utheni na wena?	What's the matter with you?
Ndingathini?	How do I go about this?

How to apply it

1 Answer the questions

- | | |
|---|----------------------------|
| (a) UThemba ukhona? | Hayi, _____. |
| (b) Uza kuba khona ngo-4? | Hayi, _____. |
| (c) Uza kubuya kamsinya? | Hayi, _____ namhlanje. |
| (d) UPeter use-ofisini? | Hayi, _____, _____ ekhaya. |
| (e) Ukhona umyalezo? | Hayi, _____. |
| (f) Ikhona ifowuni kawonke-wonke ekufutshane? | Hayi, _____. |

2 Complete the dialogue

Hello, (a) _____ (can I speak) noMnumzana Thamsanqa?
 (b) _____, (I'm sorry) uxakekile komnye umnxeba.
 Khawubambe njalo.

After some minutes.

UMnu Thamsanqa (c) _____ (is still busy). Ungathanda ukubamba okanye ungathanda (d) _____ (leave a message)?

Ewe, (e) _____ (tell him that I will try to phone him again in the afternoon).

Enkosi. Kamnandi.

3 Give the dialogue a title

- UDavid Hullo, nguDavid kweli cala. Ndingathetha noVuyo?
 Ilizwi Eh, uVuyo? Akukho Vuyo apha. Ufuna eyiphi inombolo?
 UDavid Ndifuna i-633-4253.
 Ilizwi Hayi, ndilusizi, lo ngu-633-4352.
 UDavid Khawuphinde. Yintoni inombolo yefowuni yakho?
 Ilizwi Ngu-633-4352.
 UDavid Owu, uxolo, yinombolo ewrongo.

4 Read, understand and answer the questions

See how well you have understood the dialogue by answering the questions that follow:

Bongile is looking for a job during the holidays.

UMncedisi Molo, kukwaBizo's Takeaway. Ndingakunceda?

UBongile Ngaba ndingamfumana uNksk. Bizo?

UMncedisi Akakho. Usaphumile okwangoku. Ungashiya umyalezo?

UBongile Kulungile. Ndiva ukuba ufuna umntu oza kuncedisa kwishishini lakhe. Ndifuna ukwenza isicelo. Ubuya nini?

UMncedisi Andiqinisekanga.

UBongile Ndingaphinda ndifowune nini?

UMncedisi Zama ukufowuna ngentsimbi yesithandathu. Khawushiye igama lakho nenombolo.

UBongile Igama lam nguBongile Thamsanqa. Unokunditsalela kule nombolo ithi 770555.

UMncedisi Mandiliphinde igama. UnguBongile Thamsanqa. Inombolo ithi 770555.

UBongile Kulungile. Enkosi. Usale kakuhle.

UMncedisi Kamnandi.

- (a) UBongile ufuna ukuthetha nabani?
 (b) UNksk. Bizo ukhona?
 (c) UBongile ushiya owuphi umyalezo?
 (d) Uza kuzama ukufowuna ngeyiphi intsimbi?

5 Read the conversation

- UVal Molo Xoliswa.
 UXoliswa Molo sisi. Nisaphila phofu?
 UVal Hayi, siphilile sonke. Ndiyakufowunela kuba ndingathanda ukubuzwa ukuba sinokudibana na kwakhona. Kunjani ngokuya kubukela ifilimu?
 UXoliswa Eyiphi ifilimu?
 UVal Singabukela 'uJump the Gun'.
 UXoliswa Ngeyiphi imini?
 UVal NgoLwesine?
 UXoliswa Hayi, andizi kuba kho ngoLwesine. Kunjani ngo-Mgqibelo?
 UVal Hayi, uMgqibelo akalungi kum. Uza kuphumelela ngeCawa?
 UXoliswa Kulungile.
 UVal Ufuna ndikuphuthume ngabani ixesha?
 UXoliswa Ngentsimbi yesihlanu.
 UVal Kulungile. Siza kubonana ke ngeCawa. Sala kakuhle.
 UXoliswa Kamnandi.

Imagine that Xoliswa tells another friend about her chat with Val:

- (a) I spoke to Val today. _____
 (b) We are going to see a film on Sunday. _____
 (c) Can you come with us? _____
 (d) Val is going to fetch me at 5 o'clock. _____

6 Say you have

- (a) three children, two daughters and a son
 (b) four messages
 (c) two telephone numbers
 (d) five tickets
 (e) six letters

7 Listen to the dialogue and say whether the statements are correct or not

- | | | |
|---|-----|----|
| (a) Thandi is in a hurry. | yes | no |
| (b) She has to go shopping. | yes | no |
| (c) She prepares a party for Friday. | yes | no |
| (d) She only invites Nomsa and Siphiso. | yes | no |
| (e) Nomsa has to ask Siphiso first. | yes | no |

8 English equivalents of newspaper / magazine section headings

Use the headings: (a) For the Children, (b) Health Matters, (c) Business, (d) Finance, (e) Sport, (f) Entertainment, (g) For Teenagers and (h) Education.

- | | |
|---------------|---------------|
| 1 Ezemidlalo | 5 Ezolonwabo |
| 2 Ezempilo | 6 Ezabantwana |
| 3 Ezolutsha | 7 Ezemfundo |
| 4 Ezoshishino | 8 Ezemali |

9 Complete the questions

- Ndithetha _____?
- _____ othethayo?
- Ufuna _____?
- Ufuna _____ inombolo?
- _____ igama lakho?
- _____ inombolo yakho yasekhaya?
- _____ inombolo yakho yasemsebenzini?
- _____ i-adelesi yakho?
- Ndingakwenzela _____?
- Ndingakunceda _____?
- _____ ingxaki?
- Kwenzeke _____?

10 Which verb fits?

Use these verbs to fit the spaces correctly (a) -bamba, (b) -shiya, (c) -cothisisa, (d) -phinda and (e) -faka.

- Uxolo, andiva kakuhle, unga _____ kwakhona?
- Ungathanda uku _____ umyalezo?
- Ungandi _____ kwi-ofisi kaMnu. Bizo?
- Usaxakekile komnye umnxeba. Ungathanda uku _____?
- Uthetha ngokukhawuleza kakhulu. Unga _____?

12 Kumdlalo weqakamba

At the cricket match

In this Unit you will learn how to:

- ask about past sporting involvement and respond
- ask about present sporting involvement and respond
- ask what someone does to keep fit
- say what you do to keep fit
- ask whether someone has hobbies
- say what your hobbies are

Incoko

During the lunch break Peter and Themba walk around the cricket ground where several mini-cricket matches are on the go and, among other things, talk about the way cricket has become so popular throughout the whole country.

UThemba Kuhle kakhulu ukubona umdla kangaka kwiqakamba kule mihla. Jonga bonke aba **Makhaya Ntini** basakhulayo bedlala iqakamba!

UPeter Inene. Kule mihla naphina apho ujonga khona, kukho amakhwenkwe adlala iqakamba. Wena Themba, wawuyidlala iqakamba ngeentsuku zakho usesesikolweni?

UThemba Ewe, ndandithanda kakhulu ukudlala iqakamba. Ndandingumgcini-pali. Ndingumbethi kanjalo. Inene, ndandivula amangeno!

UPeter Nyhani!

UThemba Wena, mfondini, wawudlala eyiphi imidlalo?

UPeter Heke, ndandidlala intenetya nombhoxo ngeentsuku zam. Ngelishwa, yophuka ingalo yam ndisadlala kwi-under 15. Emva koko zange ndiphinde ndidlale mbhoxo kwakhona.

UThemba Wawudlala ndawoni?



(Courtesy United Cricket Board of South Africa)

- UPeter Ndandisisikramhafu. Nangona ndandingadlali qakamba ndithanda kakhulu ukuyibukela ngakumbi xa sidlala namaqela apshesheya. Wena, wawuwudlala umbhoxo okanye ibhola ekhatywayo?
- UThemba Ndandidlala umbhoxo.
- UPeter Kweyiphi indawo?
- UThemba Ndandiyindoda yesibhozo.
- UPeter Kunjani ngebhola ekhatywayo? Wawuyidlala?
- UThemba Ewe, ndandiyidlala kodwa ndandikhetha umbhoxo.
- UPeter Uyayibona phofu indlela umdlalo onamandla ngayo okumanya isizwe!
- UThemba Unyanisile. Khumbula ukuxhaswa kwama**Bhokobhoko** sisizwe sonke ngexesha lomdlalo wamanqam! Ngubani ongalibala ukukulwa kuka**Tshotsholoza** ngelizwi elinye ngumntu wonke!
- UPeter Inene, ndiqinisekile ukuba ukucula kwesihlwele kwawanika umoya ukuze aphumelele ama**Bhokobhoko**!
- UThemba Yho! Ingubani ongalibala igugu ebusweni bukaMongameli Mandela enxiba ijezi kaNo. 6 ephethe indebe beyithe *qhiwu* phezulu noFrancois Pienaar.*
- UPeter Ne**Bafana Bafana** yafumana kwa enjalo inkxaso, yaphumelela kwiAfrican Cup of Nations. Kanene, wenza luthambo luni kule mihla ukuzigcina uphilile?



Bafana Bafana winning the World Cup of Nations in 1996
(Bona, March 1996. Photos by Jacob Morake and Southlight)


- UThemba E-e ndiyazama ukubaleka kathathu ngeveki kwaye ndidlala isikhwashi *rhoqo*. Wena, mfondini?
- UPeter Mna, ndithanda ukukhwela ibhayisekile kwaye ndiyazama nokunyuka intaba ngeeCawa. Kodwa ngamanye amaxesha kunzima ukufumana ithuba lokwenza loo nto kuba umsetyenzana wam wokuzonwabisa kukuchwela.
- UThemba Owam kukufota, *qha* ke. Kodwa ke, liphi ixesha?
- The cricketers come back on to the field after the lunch break.*
- UPeter Jonga, abadlali babuyile; isidlo sasemini siphelile. Umdlalo uza kuqala ngoku. Masibuyele kwizihlalo zethu!

*Although President Mandela never played rugby, his interest in the game goes back to his youth. He remembers the playing days of the former Transkei homeland leader KD Matanzima with a chuckle: 'When he was tackled, the spectators would call out "help the son of a chief"' (*Cape Times* 16/3/1998. Article by Roger Friedman and Benny Gool.)



Isigama

kuhle	it's lovely	umdlalo wamanqam	final (game)
iqakamba	cricket	ukuxhaswa	support
basakhulayo	budding (lit. still growing)	isihlwele	crowd
		kwawanika umoya	give them the impetus (lit. spirit)
bedlala	playing	igugu	pride
		enxiba	wearing
naphina	everywhere	ijezi	jersey
wawudlala ...?	did you play...?	indebe (half split calabash)	trophy
iintsuku	days	beyithe <i>qhiwu</i>	holding up high
usesesikolweni	you still being at school	kwa	also, even
		inkxaso	support
ndandithanda	I loved, liked	luthambo luni?	what sort of exercise?
